Iziganeko Zalemihla

Zenziwe Zacaca Ngesiprofeto

Masithobiseni iintloko zethu. Bawo Othandekayo waseZulwini, sibulela Wena ngobu busuku ngokuba Wena uphendula umthandazo wethu. Lo uhluphekileyo uthandekayo umfazi elele phaya, apho utyando lusileleyo. Kodwa, Owu Thixo, sikhumbula utyando lokuqala olwakhe lwenziwa emhlabeni, Walwenza Ngokwakho. Wathabatha ecaleni lika Adam, ubambo, wavala inxeba, waza wenza umfazi. Owu Bawo, ndiyathandaza ngobu busuku okokuba isandla Sakho siyakwehlela ezantsi ngoku kwaye senze lento inkulu esiyicelayo. Kwaye abanye aba, Nkosi, lo mfazi ova ubunzima ngocinezelelo lwengqondo, bonke abanye abanezicelo, sibanikezela nje kuWe, Bawo, kunye ngeentliziyo zethu zonke. EGameni likaYesu Kristu. Amen.

Eneneni yinyhweba yokuba lapha ngobu busuku nokuba nesi silungileyo isihlwele sokujonga kuso. Nokucula okulungileyo, emangalisayo ikwayara encinci. Bendicinga nje umahluko, ukubona amakhwenkwe emile phaya kunye... abajongeka kakuhle abafo, ukuchetywa okucocekileyo kweenwele. Bendicinga, phezolo, nge—ngendawo apho ndihlala khona; igquba lemiguvela leza lehlela phaya kwaye lizama ukutshonisa inkwenkwe kwiqula lokuqubha; kwafanela babize into ethile ukubakhuphela ngaphandle kokuya. Onjani umahluko, ukubona abantwana bemile, becula iingoma zeVangeli; onjani umahluko.

2 Ekucingeni, njengoko uMzalwana uHenry watshoyo phaya, "loo madoda kunye nezonwele zifana nabafazi abafanele ukubanazo," uyabona. Oko—oko—oko kulungile. Ikhangeleka ngathi yi...Ndiyabona lamakhwenkwe eyizama, ukuba nezanwele, bade bafake ezi zibhijelayo zamajikojiko kuzo, ebusweni bawo. Kwaye andazi, mna...ngamanye amaxesha ndiyatyhafiswa. Ikhangeleka ngathi li—lixesha logqwetheko nyhani. Amadoda azama ukunxiba iimpahla zabafazi, nabafazi banxiba iimpahla zamadoda. Kwaye amadoda eyeka inwele zawo ngathi ngabafazi, nabafazi benenwele ngathi ngamadoda. Yintoni ingxaki naba bantu, kakade? Ingaba, ngenene, ingaba imicwe yentlonipheko nembeko isishiyile esi sizwe kunye naba bantu, eli hlabathi?

3 Eli lixesha elibi kakhulu, kodwa lelona lizukileyo ixesha ehlabathini, ukushumayela iVangeli. Ukuba bendinokuma elungqamekweni lwexesha ngaphambi kokuba libekhona, kwaye uBawo ebenokujonga kum, aze athi, "Leliphi ixesha

ukuhla ngazo ezi zigaba obunokufuna ukushumayela kulo?" Bendiyakufuna kanye ngoku, kanye ngoku, nje kanye phambi koKuza Kwakhe.

4 Ukujonga ngaphaya phezu kwesihlwele, kuhleli apha phambi kwethu . . . Umlungiseleli ongumhlobo wam, eTucson izolo, ebekhwele ihashe. (Ndicinga ngale ndoda nalo . . . lo mfazi nenkcenkce kumqolo wakhe.) Eli hashe limwisile. Enye indoda inditsalele umnxeba ngentsimbi yokuqala ngale ntsasa, kwihotele yam, yaze yathi, "Indoda ise Veterans Hospital, kwaye amehlo ayo anyembezana, umqolo wayo utyobokile, izintso zayo zityhalelwe ngaphandle, kwaye intliziyo yayo imalunga nokuyeka." Kwaye phaya ndehlela emgangathweni, emadolweni am; imfonomfono, yafika kuyo kwelinye icala, ndaza ndayithandazela. Kwaye nantsi ihleli apha ngobu busuku, ihleli kanye apha. Oko bekuphezolo. Bob, ungema nje apho? Nantso indoda, kanye phaya. [Ibandla liyancoma—Mhl.] UThixo uyawuphendula umthandazo, kusasa, ebusuku, ngexesha lasemvakwemini, ezinzulwini zobusuku, okanye nangaliphi ixesha.

5 Ngoku, ndi—ndingomde umshumayeli, njengoko beyibiza. Ndikuthiyile nje ukuqalisa ngeli xesha lobusuku, kwaye—kwaye ndicinge ndiyakuza ngaphaa. Ngobunye ubusuku, kutheni, besithetha ngaphaya apha kwindawo ethile, kwaye i . . . imizuzu elishumi elinesihlanu emveni kokuba bendikuyo, abantu bebechola izitya kwaye bewangazelisa kum, "Yeka! Thula, kufanele uphume apha," betshaya imidiza, kwaye beqhubeka. Ibingelilo i—ityala letheko, ibingabantu esithe sayiqasha kubo. Kwaye u—umfazi kamhlali-ngaphambili ujikelezile waza waxelela umphathi, wathi . . .

6 Wathi, "Kuhle, kufanele ubengaphandle apha ngo 9:30."

7 Wathi, "Akuzange ukufake oko kwisivumelwano."

8 Eli nenekazi, ngobu busuku, lehle laza apha (elilunge kakhulu inenekazi) kwaye lathi, "Siyaqonda ukuba uyalifuna," lathi, "lithathe nje kangangoko ulifuna." Ke oko kwakulunge kakhulu. Ke ndinombulelo omkhulu ngokuya. Oko kulunge kakhulu.

9 Mzalwana uHenry, ndiyabuncoma kakhulu ububele bakho—bakho bokundimemela apha, kunye nesi sahluko.

10 Ndibe nenyweba phezolo yokuba sezantsi apha kwi Assemblies of God apho ndikholwayo uMzalwana uBoone ngumalusi. Benexesha elimnandi ezantsi phaya kunye nelaqela labantu. Kwaye ngomso ebusuku siya endaweni ethile ngaphaya apha, andazi apho ikhoyo, kwaye sesinye isahluko. Bayakuhoya oko; ndiqhubeka nje ndithandaza, ndifunda, kwaye ndiqhubeka, kwaye koko okumalunga nendinokumelana nako.

11 Kodwa, ngoku, sibona izinto ezingaqhelekanga kulo mhla. Ngoku ndikhumbula ixesha lokugqibela endaye ndilapha,

yayingumhlangano wentente. Ndiyakhumbula ndithetha ngako phezolo, kwamaqabana amancinci abezise usana lwabo olufileyo. I—iphezulu apha ndaweni ithile, baqhube imini nobusuku bonke. Umama omncinci ehleli, ematshekile, ebambe olwa sana luncinci ezingalweni zakhe. Ngoku, usenokuba uhleli kanye apha ngoku, ngoko ndikwaziyo. Kwaye yena . . . umyeni omncinci, aliqela amaqabana kunye nabo, kwaye babelapho . . . Kwaye wathi . . . wandibuza ukuba ndiyakuya ngaphaya (indoda yakwenza) emotweni. Ndathabatha usana oluncinci ngaphandle kwaye ndibambe oluncinci, olufileyo, olomile, uhlobo olubandayo; ndaza ndaqalisa ukuthandaza. Kwaye xa ndathandazayo, la mzimba waqalisa ukuvakala ngathi uyafudumala. Ke nje nda . . . Ndaqhubeka ndithandaza. Lwaqalisa ukukhabalaza nokushukuma, luqhubeka, ke nda . . . lwaqalisa ukukhala. Ndalunikezela kunina, wagoduka nalo. Ke, babengengawo kwa amaKristu, ngako konke endikwaziyo. Yabona? Oko kwakumangalisa.

12 Kodwa endicinga ngako, ngobu busuku, ndazi ibandla elifayo, kananjalo, ngabantu bethu bamaPentekoste. Kufanele sizivuthulule siphume koku, uh-huh, kuko konke. Kwaye kuphela kwendlela ozakuyenza ngayo ngumthandazo nokuzingqamanisa neLizwi likaThixo. Kuphela kwendlela esinokuyenza ngayo. Kukho kuphela enye indlela yokuphuma, UyilaNdlela, uYesu Kristu ukwanguye izolo, namhlanje, naphakade. Ingaba singafuna ibandla lethu lingene kwimeko njengoko etshilo ngaphaya, njengase Ngilane? Eso sisizathu bendinjalo, ucinga, ikrwada kakhulu, ukuningxolisa. Kwaye andibhekiselelanga ekwenzeni oko, kodwa andifuni kubona ibandla lingena kwela hlobo lesimo. Anifuni kuba kwesa simo. Kufanele nje u—uYiqhubele ezantsi ngamandla de uyibethelele Yona kwaye uyenze Iqobosheke. Ifanele yenziwe.

13 Ke ngoku, ngobu busuku, kuphela ndine . . . ezinye iZibhalo neziqendwana apha endifuna ukuthetha ngazo okwethutyana. Andizukutsho xesha lithile. Niyadinwa, kutheni . . . Ndingagqiba ngemizuzu emashumi mathathu, kwaye nje kuxhomekeke . . . Ndasoloko nje ndiyiyekela kuMoya oyiNgcwele, nje nakweyiphi indlela Akhokelela kuyo.

14 Masithobiseni iintloko zethu nje ithutyana elidana, sithethe noMqambi phambi kokuba sivule iNcwadi Yakhe.

15 Thixo Somandla, Mqambi waleNcwadi, ngoYesu Kristu siyathandaza. Sinombulelo ngoko sesikuvile ngobu busuku. Ukuba sifanele—sifanele sigxininise lo mhlangano ngokuthi, "Amen," size sigoduke, bekulungile ukuba lapha, kuba siyazi ukuba Wena ube unathi. Kwaye, Bawo, njengoko sivula eli Lizwi, ngoku thetha nathi ngokuthe ngqo okuphuma kweli Lizwi, okokuze sibe nokwazi iyure esiphila kuyo. Ukuba siyayazi iyure esiphila kuyo, ngoko singanako ukulungiselela loo yure; kodwa ukuba singena ngokumfameka singazi *intoni*

okanye *ndawoni*, ngoko asiyazi masilungiselele njani. Ke, Bawo, siyathandaza ukuba Wena usenze sibone uMkhombe phaya, neSango, livulekile, noMyalezo usibizela ngaphakathi. Sinike ngeGama likaYesu Kristu. Amen.

16 KwiZibhalo eziNgcwele, ndifuna ukufunda isiqendwana apha, sifumaneka ngaphaya kwiNcwadi kaLuka oNgcwele, kwisahluko sama 24, i . . . Ndizakuqalisa kumqolo we-13, kwaye sifunde inxenye yaYo.

> *Kwaye, kwabonakala, kusiya babini bakubo kwanga*loo *mini* besuka *kumzana obizwa i-Emawusi,* ozitadiya *zimashumi mathandathu—umgama ukusuka eYerusalem.*
>
> *Baye bona bexoxa bodwa . . . ngazo izinto ezibe zenzekile.*
>
> *Kwathi kwenzeka, okokuba, ekuxoxeni kwabo na . . . uYesu ngokwakhe wasondela, wahamba nabo.*
>
> *Kuloko amehlo abo ayebanjiwe ukuba bangamazi.*
>
> *Wathi ke kubo,* Ziindawo *zini na ezi* ni*ncokola ngazo, njengoko* ni*hamba, nibe nithe matshamatsha?*
>
> *Waze omnye wabo, lo ugama linguKleyopa,* waphendula kwaye *wathi kuye, Umhambi eYerusalem apha nguwe wedwa na,* ukuba *ungazazi nje izinto ezihle . . . khona ngazo ezi mini?*
>
> *Wathi kubo, Ziphi izinto? Bathi ke bona kuye, EzingoYesu waseNazarete, ebengumprofeti enobunkunkqela ekwenzeni nasekuthetheni phambi koThixo nakubo bonke abantu:*
>
> *Ukuba bathini na ababingeleli nabaphathi ukumnikela e*ku . . . *agwetywe afe, bambethelela nasemnqamlezweni.*
>
> *Kodwa besithembe ukuba nguye oza kukhulula uSirayeli ngentlawulelo: kwaye nga*phandle *koku konke, namhlanje lusuku lwesithathu zenziwa ezi zinto.*
>
> *Kananjalo, abafazi abathile bethu babethe sathi nqa, ababese . . . engcwabeni;*
>
> *. . . bathe bengawufumani umzimba wakhe, beza, besithi, babone nombono weengelosi, ezithe zona* kubo . . . *ezithe zona kubo wayephila.*
>
> *Besuka nabathile ababenathi baya engcwabeni, baza balifumana linjengokuba babetshilo abafazi: kodwa yena bona . . . kodwa yena abambonanga.*
>
> *Waza yena wathi kubo, Oyi baswelikuqonda, bantliziyo zizeka kade ukukholwa* (ukungakholwa) *konke oko abaprofeti bakuthethileyo:*

UKristu ubengamelwe na kukuthi abuve obu bunzima, aze . . . angene *eluzukweni lwakhe?*

Uqalele ke kuMoses nakubo bonke abaprofeti, wabachazela . . . zonke izibhalo izinto ezimalunga naye.

Yanga iNkosi ingongeza iintsikelelo Zayo ekufundweni kweLizwi laYo.

17 Ngoku ndithabatha . . . ukuba ndikubiza umxholo, ndingathanda ukuthabatha oku: Iziganeko . . . *Iziganeko Zalemihla Zenziwe Zacaca Ngesiprofeto*. Ngoku, kube kusoloko iyekaThixo . . . engaguqukiyo indlela kaThixo ngaphambi- . . . ukwenza abantu Bakhe bazi kwangaphambili ngaphambi kokuba iziganeko ezithile zenzeke.

18 Ukuba abantu ngemihla yeNkosi uYesu babenakho nje kuphela ukufuna uThixo kwaye bazi oko nje kwakumalunga nokwenzeka, babengayi kufanela bamohlwaye uYesu ngokufa. Kodwa isizathu esasisiso, ngokuba iZibhalo kwakufuneka zizaliseke, ngokuba amaYuda kwakufuneka amfanyekiswe. Sonke siyakwazi oko.

19 Ingaba niyaqonda ukuba oko kuthenjisiwe kwakhona kuso kanye esi sigaba esiphila kuso? ISigaba seBandla laseLawodike, elibandla lesigaba lesixhenxe esikulo ngoku, lize, lilusizana, liyimfama, kwaye aliyazi lonto. Into ekwanye njengoko Wabamfamekisayo emva phaya ngesizathu sokufikisa uMyalezo Wakhe uye kwabonyuliweyo abantu, Ùthembise ukwenza into ekwanye namhlanje.

20 Kwaye ukuba ndiyakukutsho oku ngembeko kubo bonke abazalwana bam noodade kuKristu: Ngenye yezi mini umntu othile uzakuthi, "Akubhalwanga na okokuba ezi zinto kumele zenzeke kuqala?"

21 Kwaye iyakuba yinto ekwanye eyayiyiyo emva phaya, "Inene, Ndithi kuni, selefikile, kwaye benze oko bakudwelisileyo kuye."

22 Xa baMbuzayo, bathi, "Kutheni, ababhali besithi, neZibhalo zisitsho ukuba—ukuba u 'Eliya kumele afike taci.'" Batsho oko kuYesu.

23 Wathi, "Sele efikile, kwaye animazanga." Yabona? Kwaye oko mhlawumbi yindlela eyakuphela ngayo kwakhona.

24 Ngoku sifuna ukwaziswa, ukwazi yintoni ezakwenzeka ngesi sigaba esiphila kuso. UThixo ubeke iLizwi Lakhe kwisigaba ngasinye, kangako kwisigaba ngasinye, kwaye kumele siqaphele isigaba esinye asinakho ukuwelela kwesinye isigaba. Ayisokuze nje isebenze. Umzekelo, njengoko benditshilo, ndiyakholwa phezolo okanye . . . Ndithetha ngokuqhubekeka, ubusuku emva kobusuku, iindawo, kwaye ngamanye amaxa ndenza ukuphawula ityeli lesibini. Andibhekiselanga ekuziphindeni, kodwa yona . . . Ndikutsho oku: Ibiya . . .

okulungileyo ebinokwenzela uMoses ukuzama ukushumayela umyelezo kaNowa? Okanye kokuphi okulungileyo ibiyakuba kuko . . . ibiyakumenzela kona uYesu ukuzama ukushumayela umyalezo kaMoses? Okanye kokuphi okulungileyo eyakwenzela kona uMartin Luther ukuqhubekeka nomyalezo wobuKatolika? Kokuphi okulungileyo ibiyakumenzela kona uWesley ukuqhubeka nomyalezo wamaLutere? Kokuphi okulungileyo ekwenzele kona amaPentekoste ukuqhubeka nomyalezo wamaWisile? Okanye kokuphi okulungileyo eyakuyenzela kona iPentekoste ukuqhubeka ngelixa uMtshakazi ubizwa? Yabona, siphezulu kanye kwixesha lembewu, silapha kwisiphelo sexesha. Ngoku, ngaphandle ukhozo lwengqolowa liwele emhlabeni, alibi yinto.

25 Njengomgxeki, njengoko bendenze ukuphawula kusukela incwadi iphumile, mhlawumbi ninayo apha kwesenu—kwesenu isixeko, salambhali wamaJamani othe wabhala awona agxeka kakhulu amanqaku omhleli. Ungongakholwayo ukuba uThixo ukhona. Kakade hayi . . . Andimohlwayi ngokuba endohlwayile; kodwa, ngokuba, ekubeni engongakholwayo ukuba uThixo ukhona, incwadi bekungafanelekanga ibe kwiishelufa. Kwaye yathi, "UThixo onokuhlala aze athi Unokuvula uLwandle oluBomvu aze abahlangule abantu Bakhe, aze emva koko ahlale enezandla Zakhe zinqumleze isisu Sakhe ajonge ngazo Izigaba Zobumnyama loo maKristu ekrazulwa abe ziziqwenga ziingonyama; abo mama benenwele zabo zimanziswe ngetele, baze baxhonywe eminqamlezweni baze batshiswe; kunye neentsana zabo . . . omama abakhulelweyo, baqangqulule isisu baze benze amaqashiso ngesini somntwana; bayenze baze benze yenzeke; abantu ababefanele bangabakhonzi balo Thixo."

26 Uyabona, iSibhalo sisesiphefumlelweyo. Akusokuze usazi iSibhalo nje ngokuhlala phantsi uze usifunde Sona ngemvelo yemfundo yezenkolo, ngemvelo yezemfundo; ayizange yasebenza.

27 Ndandithetha nomlungiseleli womBhaptizi kungekudala, wathi, "Side sifunde isiGrike esilungileyo, side si . . . "

28 Ndathi, "KwiQumrhu laseNicaea, ngaphambi koko, babexoxa malunga namagama esiGrike eBhayibhileni." Akusokuze uyazi Yona.

29 IBhayibhile kufanele ityhilwe ngempefumlelo. Leyo kuphela kwento, isityhilelo. UYesu waxelela uPetros, "Phezu kweli litye." Eli litye lesityhilelo lityhila ukuba Ngubani Yena. "Unoyolo wena Simon, nyana kaYona, inyama negazi azikutyhilelanga oku, kodwa uBawo waM oseZulwini ukutyhilile oku kuwe; phezu kweli lwalwa Ndiyakulakha iBandla laM." Hayi phezu koPetros, hayi phezu Kwakhe, kodwa phezu kwesityhilelo sikamoya sokuba waye eNgubani Yena.

30 Kwaye Yena liLizwi! UYohane oNgcwele 1, "Ekuqalekeni ube ekho uLizwi, waye uLizwi ekuye uThixo, waye uLizwi enguThixo. Waze uLizwi wenziwa inyama wahlala phakathi kwethu." AmaHebhere i-13:8, "isenguYe izolo, namhlanje, naphakade."

31 Ngoko ke siphila kumhla xa ukubonakaliswa kweLizwi likaThixo kufike kwisigaba esahlukileyo kunesigaba sePentekoste. Kwaye oko kunjalo. Khumbulani, niya... Ndingumntu ongafundanga; kodwa akunakuyoyisa indalo, ngokuba uThixo usebenza kuqhebekeko lwendalo. Nje ngohlobo, njengoko benditshilo, ilanga liphuma kwaye litshone; kwaye lihambe ngayo imini, kwaye njengexesha lesikolo; lize life ngorhatya, ukuze livuke kwakhona kwintsasa elandelayo. Imithi ihlisela incidi ezantsi kwixesha lasebusika, iye ezingcanjini, ize ibuyele kwintlakohlaza.

32 Qaphela, ufanekisa Lona kukhozo lwengqolowa, uMtshakazi, isizathu sokuba uThixo ayekele oko kwenzeke ngolwahlobo. Eliya lihle, elenene, elinyanisekileyo iBandla elasekwa ngoMhla wePentekoste, likhule lakhula kusukela kuMhla wePentekoste, ukuya kuba libandla elikhulu, kwafanela ukuba liwele emhlabeni kwesa Sigaba Simnyama kwaye lingcwatywe njengayo yonke imbewu isenza. Kwafanela life ukuze libe nokuvela kuHlaziyo kwakhona. Livela kumntu woHlaziyo, uMartin Luther. Kwaye ukusukela phaya lifana nediza lengqolowa livela. Into yokuqala evelayo yimicwe emibini emincinci, emva koko iqhubeke isongeza eminye ngaphezulu imicwe. Kwenyuka kweza uMartin Luther, emva koko uZwingli, kwaze ukuhla, uCalvin, kwaye njengoko beqhubekeka.

33 Ekugqibeleni iya kwinquma. Ngoku, lowo yayinguJohn Wesley kwisigaba sikaWesley. Yaba nomungu uwela ngasemva.

34 Ukusuka phaya kuza isigaba samaPentekoste, sisondele kakhulu, nje ukufana nokhozo lwenene lwengqolowa ukuba ujonga kwidiza. Kodwa ukuba uyakuthabatha laa ngqolowa uyibuyisele emva, akukho nelinye ukhozo kuyo konke konke, likhasi kuphela kw*isimo* sokhozo. Kodwa ihlala phaya ngesizathu, ukukhusa ukhozo lide...Ukuba ilanga liyibetha n*golwa*hlobo, liyakuyibulala.

35 Kufanele lihlale phaya kude kube lixesha elithile, emva koko bonke uBomi bushiya ikhasi (njengoko Bushiye idiza, bashiya umungu), bushiya ikhasi buze buye engqoloweni, buze benze kwakhona nje ngohlobo ibilulo ezantsi emhlabeni.

36 Ngoku, sonke kuthi siyazi ukuba ngaxesha lonke umyalezo unikezwa, kwiminyaka emithathu benza umbutho. Xa besenza oko, iyayibulala kanye phaya; yakwenza ngemihla kaLuther, kakade, yakwenza ngemihla kaWesley, yakwenza ngemihla ka Alexander Campbell, kunye nakubo bonke babo, kwaye yakwenza ngemihla yePentekoste. Ngokuchanekileyo! Yabona?

Ufika endaweni, elowo uba ngowomileyo, aze aphume, kwaye abakwazi kufumana sityhilelo sitsha. Bayoneliseka; kwaye nabaya, kwaye phaya bayafa. Kwaye uBomi buhamba ukudlula kokuya, buze buqhubeke benze ingqolowa. Kwaye xa ingqolowa isiza, oba Bomi obuhambe ngalaa ngqolowa, uvuko, buvelisa yonke into; ewe, ukwenzela uXhwilo.

37 Ngoku, khumbulani, lo Myalezo waqalisa kuqala ngempiliso eNgcwele, ukwenza imiqondiso. Ngoku, ukuba uThixo uvumela okuya kuhambe ngebandla lesiqhelo, njengoko sesinalo, ngoko ibingenguye uThixo. UThixo akudingeki ukuba adlisele; Aku—Akudingeki ukuba enze ezi zinto, ukusonwabisa, njengathi maMerika sikuqhelile (ulonwatyiso), kodwa Yena ukwenza oko ukutsala umdla wabantu, okokuba Ulungiselela ukwenza into ethile.

38 Jonga kuYe Ngokwakhe xa Esiza. "Omangalisayo umprofeti omncinci, urabhi, umprofeti waseGalili." Kutheni, ulungiselelo Lwakhe lwalumangalisa, Wayemkelekile kulo lonke ibandla.

39 Kodwa ngenye imini Wahlala phantsi, wathi, "Mna noBawo waM sibaNye."

40 "Owu, bethu!" Oko kwakuphumile. "Makube lee nomfo onjeya!"

41 "Ngaphandleni kokuba nitye inyama yoNyana womntu, kwaye nisele iGazi Lakhe, aninaBomi kuni."

42 "Kutheni, lizim! Sukani kumntu onjeya!" Yabona?

43 Yabona, kwakukho into ethile ekwakufanele ilandela la mqondiso. Yabona, into ethile yalandela.

44 Ikhasi layibamba, kodwa ngoku ikhasi liyahlubula; kufanele liyenze. Kwaye khumbulani, amashumi amabini eminyaka agqithileyo kwaye akukho hlelo liphumileyo kuyo, kwaye alisokuze. Sisesiphelweni samahlelo, ingqolowa ithabathe ubume. Kodwa yintoni ingxaki ngengqolowa ngoku, akunakuze . . . kufanele ilale eBukhoneni boNyana, ukuvuthwa, ngaphambi kokuba umatshini wokuvuna uyichole.

45 Ngoku, iziganeko esizibonayo zisenzeka, ngokuqinisekileyo zibonisiwe eBhayibhileni, zazo zonke izigaba. Sicinga ukuba sonke singaphandle kokuhamba kakuhle kwezinto, kodwa asinjalo, yonke into ihamba ngokuchanekileyo kunye neLizwi likaThixo.

46 Ngoku, iBhayibhile yincwadi eyahlukileyo kuyo nayiphi engenye incwadi endilisekileyo. Akukho ncwadi efana neBhayibhile, ngokuba iBhayibhile nguThixo kwimo yeLizwi. Yabona? Yi . . . Ilizwi yingcinga ivakalisiwe. Ukucinga kukaThixo kuyaLivakalisa, iLizwi Lakhe ngabaprofeti; kwaye babhala iBhayibhile, leyo ikwimo yeLizwi. Kwaye uYesu uYibiza, "iMbewu." Kwaye nayiphi imbewu iyakuvelisa ngokohlobo lwayo ukuba ikwisimo esilungileyo, isimo

semeko elungileyo. Ngoku, le Ncwadi ye. . . iyi. . . Le Ncwadi yesiprofeto, I—I ixela kwantlandlolo iziganeko ezisezayo. Ngoku, iNcwadi iqulathe isityhilelo sonke sikaYesu Kristu. Akongezi kuYo okanye ususe kuYo, kwaye sonke isityhilelo kufuneka size ngaYo. Yabona, kufuneka ibe liLizwi.

47 Ke abantu bathi, "Ndinesityhilelo." Ewe, siyazi uJoseph Smith nabaninzi baba nezityhilelo nezinto, kodwa kwakuchasene neLizwi.

48 Ifanele ize ngokweLizwi ukuba isuka kuThixo, ngokuba kufuneka ingqinele okanye ibonakalise uBukho bukaThixo. Kwaye Yena wazi kwantlandlolo zonke ezi zinto, ekubeni. . . Ngolwazi Lwakhe lwantlandlolo Wamisela, ukumisela ngexa kwangaphambili (ibizwa eBhayibhileni, "ukumiselwa ngexa elingaphambili") sonke isigaba kwindawo yaso, kunye nayo yonke indoda kwindawo yayo, kunye naye wonke umthunywa kwindawo yakhe. UnguThixo, umtyholi akatsali nto kuYe. Kwaye UnguThixo, kwaye Umisele yonke into yenzeke, kwaye ibe semgceni kanye ngokuchanekileyo kunye neLizwi Lakhe.

49 Ke ukuba singabona, ngeLizwi Lakhe, sesiphi isigaba kwaye leliphi ixesha esiliphilayo, uyakuyibona kanye apha eBhayibhileni, yesi sigaba, oko sifaneleyo. . . oko kufanele kwenzeke kweli xesha.

50 Ngoku, e—ezinye iincwadi, sifumana ezininzi iincwadi abazibiza "iincwadi ezindilisekileyo," nanjalo njalo. Kwaye ndifundile i—iKoran nezininzi zazo. Kodwa, uyabona, iincwadi zabo—zabo ezindilisekileyo zingummiselo nje wokuziphatha, wezimilo, okanye ufundo ngenkolo.

51 Kodwa le Ncwadi ngumProfeti, Yahlukile kuyo nayiphi enye incwadi. IBhayibhile liLizwi likaThixo lichaza kwantlandlolo ikamva. Ichaza kwantlandlolo ngokuba Iyalumkisa kwantlandlolo.

52 Ukuba UThixo uthumela nantoni, Uyatsho kwaye wathembisa eBhayibhileni ukuba Akayi kwenza nto phezu komhlaba ade kuqala Ayityhile kwabangaBakhe abakhonzi abaprofeti. Lowo ngu Amos 3:7. Yena. . . kwaye uThixo akanakuxoka. Uyayityhila Yona, leyo ibe iyindlela Yakhe yokuyenza konke ukuhla ngezigaba. Akazange wasilela ukuyenza.

53 Ngoku, sithenjisiwe, kwimihla yokugqibela, ukuba oku kubuyiselwe. A—akuyi kubakho bandla, hayi ihlelo, Wisile, Bhaptizi, Rhabe, Pentekoste, azisokuze (kwiimeko zazo zalemihla) zibenakho ukuthabathela eli bandla kuMtshakazi. Awanakuyenza, ayasilela. Asentanyeni elinye kwelinye ngamandla, nobuhlabathi bunyebelezele ngaphakathi, nanjalo njalo, kwaye—kwaye afa kanye ezindleleni zawo. Kwaye ke uThixo uyakwazi oko.

54 Kwaye ukutyhila eli Lizwi, omnye uthi, "Kulungile, Ndin*oku*. Kwaye makasikelelwe uThixo, Ing*olwa* hlobo." Leyo yindlela kanye ekwakuyiyo xa uYesu weza okokuqala; wonke ubani waba nemfundiso, wonke ubani waba n*oku*. Iyakufanela ibe yinto ethile ethunyelwe kuthi isuka kuThixo. Kwaye uThixo uyithembisile. Kwaye kuphela kwendlela Ayakuyenza, ku—kugcina umendo Wakhe okwamnye. Wathembisa ukusithumelela, kule mihla yokugqibela, ngokukaMalaki 4, umprofeti phezu komhlaba, "Oyakubuyisela iintliziyo zabantu emva, iintliziyo zabantwana emva koobawo abangababapostile kwakhona." Wakuthembisa oko kwiLizwi Lakhe. ULuka 17 nakwezinye ezininzi iindawo athe Wathembisa oko, ukuba Yena . . . into Ayakuyenza kule mihla yokugqibela ukuzisa lento kwiLizwi elingqinelweyo.

55 Yabona, indoda ingathetha nantoni, kodwa ngaphandle kokuba uThixo atolike ela Lizwi . . . Yabona, ngoku, sinotoliko lwethu, sithi Lithetha *oku*. Kwaye lona, umWisile, utsho *oku*, umBhaptizi utsho *oku*, umPentekoste watsho *oku*, owuBunye utsho *oku*, owoBubini utsho *oku*. Kwaye, owu, bethu, nako ke apho ukhoyo. Kodwa uThixo akadingi mtoliki, UnguMtoliki wesiqu Sakhe. Utolika iLizwi Lakhe Yena ngokuLingqinela kwisigaba eLimiselwe sona, isigaba eLinikelwe sona.

56 Asiphili kwisigaba sobuPentekoste, siphila kwesinye isigaba. Yabona, asiphili kwisigaba sobuWisile, siphila kwesinye isigaba. Siphila khona phezulu apha kwisigaba soMtshakazi, ukubizelwa ngaphandle kweBandla nokuLihlanganisela uXwilo. Eso sisigaba esiphila kuso ngoku. Kolwam olunyanisekileyo uluvo leyo yiNyaniso ngokuchanekileyo.

57 Kwaye leNcwadi yincwadi yesiprofeto. Amakholwa ayo ayalelwa ukuyithobela Yona nokuyifunda Yona, nokukholwa uMbhali waYo, kuba lonke iLizwi elibhalwe phaya kufuneka lenzekile. Yonke into ebe ithenjisiwe kufanele yenzeke, ngokuba nguYesu Kristu kwisigaba ngasinye. Okwamnye izolo, ibe inguYesu Kristu, wayekuNowa; yabe inguYesu Kristu kuMoses, yabe inguYesu Kristu kuDavide, yabe inguYesu Kristu kuYosefu; nguYesu Kristu, okwamnye izolo, namhlanje, naphakade. Kwaye nguYesu Kristu phakathi kwabantu Bakhe namhlanje, esenza izinto athe Wazithembisa ukuba Uyakuzenza kwesi sigaba. NguYesu Kristu.

58 Kodwa ibandla liye loma kakhulu, ukuba kude kakhulu, njengoko umzalwana atshiloyo apha. Kwaye—kwaye amabandla ethu abe yinto enye, side sifanele sibe nento yokusishukumisela emva eLizwini. Sazi kanjani ukuba izakuyenza? Ifanele ize ngokwecebo elileLakhe uThixo. Ayinakuza ngendoda yesiqhelo, ayiyi kuza ngendoda engusomashishini, ayinakuza ngamabandla. UThixo ubeke phantsi icebo Lakhe.

59 Ndithethe apha eShreveport ngenye imini, kwisikhululo sosasazo sesizwe kwesi sizwe, okokuba, *Ukuzama Ukwenzela UThixo Inkonzo Ngaphandleni Ibe Yintando KaThixo*. UDavide wazama ukubuyisela ityeya kaThixo endlwini. Wayengukumkani othanjisiweyo. Kutheni, wa—wabuzisa abakhe—abakhe abathunywa, abathetheli bakhe bamawaka, neshumi lamawaka, nanjalo njalo. Kwaye bonke bathi, "Elo liLizwi leNkosi." Kwaye babuzisa kumbingeleli, "Oko kuyamangalisa." Kwaye bonke bathabatheka, bakhwaza, benza sonke isenzo senkolo esasikho. Kwaye yayichasene ngokupheleleyo kwintando kaThixo, ngokuba kwakukho umprofeti elizweni ogama linguNathan kwaye wayengazange abuzwe malunga nayo. Yabona? Kwaye siyafumanisa ayizange isebenze nangona babenyanisekile, bezama ukwenzela uThixo inkonzo.

60 Kwaye ungaba kokungako ukunyaniseka; kodwa, side sibe siyakwazi oko sikwenzayo, ulwa emoyeni. Buyelani eLizwini likaThixo nize nibe semgceni, nize emva koko nihambe; emva koko niyazi. Njengalo i—ijoni, alazi emalikwenze lide lifumane imiyalelo yokuyenza. Kufuneka sibe ngamajoni amaKristu, size sifumane imiyalelo esuka eBhayibhileni ukwenzela iyure ngoku; hayi umyalelo wayizolo, uyalelo wosuku olungaphambili, kodwa umyalelo namhlanje (yeyiphi indlela emasiyihambe). Fumana iyure esiphila kuyo.

61 Ezi ziganeko zalemihla zinyebelezela kuthi ngokukhawuleza kakhulu, kwaye ngenye imini siyakufumanisa sishiywe ngasemva singenanto, size sibanjwe, sitywinelwe kuphawu lwerhamncwa ngaphambi kokuba siyazi.

62 Ngoku, kunye nomonde simile sikulinde oku, iziprofeto ezithenjisiweyo, zonke ngazinye kuzo kufuneka zisalisekiswe kwisigaba saso. Kuba Isixelela kwantlandlolo, uMbhali ngaphambili ukwenzile oku, kwaye silindela ukubona Yena ekwenza kwakhona. Elinjani ixesha esiphila kulo! Into ethile efana ne—nekhalenda; ujonga ekhalendeni ukufumanisa loluphi usuku lonyaka ophila kulo, kwaye ujonga kwiBhayibhile kaThixo ukubona sesiphi isigaba esiphila kuso. Asiphili kwisigaba sobuWisile, isigaba sobuBhaptizi. Siphila kwisigaba soMtshakazi, ukubizwa, ukubuyisela emva kuThixo ngomjelo athe Wathembisa ukuyizisa ayibuyise ngalo. Wathembisa ukuyenza.

63 Kodwa njengokuba bekunjalo kwisigaba ngasinye, abantu bavumela amadoda abeke utoliko lwawo kuYo ngemfundo yenkolo, kwaye bengayi kukholelwa ukungqinela okuNgcwele kukaThixo kwaYo. Olo lutoliko lukaThixo. Hayi oko endikutshoyo, oko umntu othile ongomnye akutshoyo, kodwa oko uThixo akuthembisileyo; noko uThixo akwenzayo, kuqondakalisa ukuba nguThixo esenza utoliko Lakhe Yena yeLizwi Lakhe.

64 Banixelela nina maPentekoste, amashumi amane anesihlanu, amashumi amahlanu eminyaka eyagqithayo, oonyoko nooyihlo, xa bebengamaPentekoste enene, baphumela ngaphandle kombutho baze bayiqalekisa into baphumela ngaphandle kuyo: Emva koko njengenja emhlanzweni wayo, babuyela emva kuyo kwakhona, benza into ekwanye eyabulala ela bandla, niyibulele eyenu ngento ekwanye. Akukho nto ndichasene nayo nabantu khona phaya, akukho nto ndichasene nayo, yinkqubo yento leyo nantsi into eyenzayo.

65 Ikhaya, ndi . . . ya ekhaya . . . Andikushumayeli oku kumhlangano wenye indoda. Ndizakushumayela *Umzila Wenyoka*, kwaye mamela kuyo ukuba uthabatha iteyiphu.

66 Kwaye, qaphela, baphosa ukubona ukuqinisekiswa kweziprofeto zeLizwi likaThixo zizalisekiswa. Ukuba abo babingeleli . . . Babenayo ilungisiwe kanye ngqo ngendlela uMesiya awayeza kuza ngayo, babekwazi okwakuzakwenzeka. AbaFar- . . . abaFarisi babenoluvo lwabo, abaSadusi, amaHerode, nabo bonke, babenembono zabo. Kodwa Akazanga . . . Weza ngokuchaseneyo kubo bonke babo, kodwa ngokuchanekileyo neLizwi. UYesu watsho okukwakunye kwakulapha: "Ukuba benindazile Mna, kufanele ukuba ngenilwazile usuku lwaM. Ukuba benikwazile, ngeni . . . Nithi, 'Kuhle, uMoses! SinoMoses.'" Wathi, "Kutheni, ukuba beninokumkholelwa uMoses, beniyakundikholwa Mna; ngokuba, wabhala ngaM."

67 Kodwa, yabona, xa uThixo wayeqinisekisa ngokuchanekileyo oko Wakuthembisayo, babenayo ngohlobo oluthile olundilisekileyo lwendlela uYesu wayefanele ukuza ngayo, kwaye i . . . Ndithetha uMesiya. UMesiya kwakufanele uza kanye kwiqela labo okanye wayengengoMesiya. Kuhle, yilaa ndlela, phantse, namhlanje, "Ukuba aniboni ngeendondo zam, anijonganga tu." Yabona, kwaye ke oko yi—oko yindlela nje yona e—eyiyo. Thina . . . Leyo yinyaniso. Sikuthiyile ukucinga oko, kodwa ngokwenene yiNyaniso.

68 KumaHebhere 1:1, uThixo ngamaxesha amandulo wabhala iBhayibhile ngekhethwe Nguye Buqu indlela. Akazange aYibhale ngabemfundo yenkolo, engazange Ayitolike ngabezemfundo yenkolo. Akuzange kubekho xesha lokuba—lokuba abemfundo yenkolo bakhe batolika iLizwi likaThixo. Utoliko luza kuphela kumprofeti. Kwaye kuphela kwendlela esiyakuze sibenakho ukuphuma kule mbutyulelo kukuba uThixo asithumelele lamprofeti, kanye ngokuchanekileyo, kuphela kwendlela eyakwenziwa ngayo. Ibe ikholelwa, ikhangelwa, kwaye—kwaye inzaliseko.

69 Yabona, Yayingabhalwanga yindoda, kodwa Yayibhalwe nguThixo. Ayiyoncwadi yandoda, Ayiyoncwadi yofundele ezenkolo. YiNcwadi kaThixo, eyiyiNcwadi yesiprofeto

eyabhalwa ngabaprofeti yaza yatolikwa ngabaprofeti. IBhayibhile ithe, "ILizwi leNkosi liza kubaprofeti." Ngokuchanekileyo!

70 Enjani ukubantle indlela echazwe ngayo, okanye, ebonakaliswe ngayo xa uYesu wayeze emhlabeni, kwaye uYohane waye engumprofeti wala mhla, kwaye wa—wayeprofeta. Bathi, "Owu, uthetha ukuthi uThixo uzakudiliza iimanyano zethu ezinkulu apha kunye nazo zonke ezi zinto? Kwaye kuyakubakho ixesha, xa ezethu—ezethu iitempile zingasayi kuba sanqulelwa kuzo?"

71 Watsho ukuba kwakusiza ilixa xa uThixo ayakwenza idini eliphuma kwiMvana kaThixo, iNdoda. Kwaye watsho ukuba—ukuba Uyakumazi xa Esiza. Kwaye wathi . . . Wayeqiniseke kakhulu ngomyalezo wakhe, wathi, "Umi kanye phakathi kwenu ngoku kwaye aniyazi." Uphakathi kwenu kwaye aniyazi.

72 Kwaye ngenye imini xa uYesu waphumayo, uYohane wakhangela phezulu waza wabona la mqondiso phezu Kwakhe, wathi, "Nantso iMvana kaThixo ethatha isuse isono sehlabathi." Ngala mzuzu okwamnye uYesu wazi ngoko ukuba Wayengqinelwe phambi kwabantu. Ngoku, Waye eliLizwi, ingaba siyakukuthandabuza oko? IBhayibhile yathi Waye eliLizwi, "Ekuqalekeni ube ekho uLizwi, waye uLizwi ekuye uThixo, waye uLizwi enguThixo. Kwaye uLizwi wenziwa inyama waza wahlala phakathi kwethu." Kwaye naku Elapha, i . . . Nali iLizwi lisemhlabeni (jonga! ngokugqibeleleyo!) liphuma kanye ukungena emanzini lisiya kumprofeti.

73 Injalo lonto, iLizwi lisoloko lisiza kumprofeti Wakhe. Ke asinakulindela Lona lize kwizifundiswa zenkolo. Asinakulindela Lona lize emahlelweni. Lifanele lize ngendlela yomjelo kaThixo athe Yena wasixelela malunga nalo kwantlandlolo, kwaye leyo kuphela kwendlela eLiyakuza ngayo. Liyakuthiywa, licekiswe, laliwe. Xa Lisiza, Liyakulahlelwa ngaphandle, kunye nento yonke, kodwa uThixo uyakuyenza nakanjani. Laliwa kuYesu Kristu, Laliwa kuYohane, Laliwa kuYeremiya, Laliwa ngoMoses. Lisoloko lingalaa ndlela. Kodwa uThixo uqhubekeka kanye ngendlela athe Wathembisa Uyakuyenza. Ewe, mhlekazi, Akazange asilele ekuyenzeni ngendlela ekwanye.

74 Indoda ebone umbono okanye eve izwi Lakhe, zange konke konke iLiqonde. Kumatyeli amaninzi zange yazi, ngokuba nje isisixhobo sikaThixo. Ziingcinga zikaThixo zivakalisiwe ngemilebe yendoda; ingcinga, kakade, lilizwi livakalisiwe. UThixo wenza Ukhetho oluloLwakhe ngokhetho Lwakhe—Lwakhe lomiselo lwexa elingaphambili. Uyenzile kuso sonke isigaba, Ubeke indoda ukwenzela isigaba ngasinye. Njengaxa uMoses, xa wayezakuzalisekisa oko Wakuxela ku Abraham. UMoses wazalwa engumntwana olungileyo, wayengenakunceda

akuncede ukuba ngalaa ndlela. Wazalwa ngalaa ndlela ngokuba wazalelwa la njongo.

75 Kwaye ke siyafumanisa ukuba uThixo wenza okuya kuso sonke isigaba. UThixo wenza ukhetho OluloLwakhe ngokhetho OluloLwakhe lomiselo lwexa elingaphambili, ukhetha abaprofeti Bakhe nezinto ukwenzela isigaba; alungise—ulungise imvelo yakhe, imvelo yendoda, indlela yendoda yokushumayela kwi . . . kwisipho sabo nako konke ekwenzayo, ukuqubisana nomceli mngeni wala mhla. UThixo udala laa ndoda aze ayithumele. Kwaye engcingeni Yakhe Yena, njengoko ndishumayele phezolo, silukhozo lobomi lwentsobi kaThixo. Wayazi laa ndoda iyakuba phaya kwesa sigaba, ngaphambi kokubakho kwemolekyuli, okanye ukukhanya, okanye nantoni engenye emhlabeni.

76 Kuba wena uyintsobi katata wakho, kwaye wawukutata wakho, noko uyihlo wayengekabi nabudlelwana nawe ngokuba yena . . . Wawuphaya, kodwa wawungayazi kwaye naye wayengayazi, kodwa wabonakaliswa ukuze ube . . . okokuba angaba nobudlelwana nawe. Kwaye wena ekubeni uzelwe ngokutsha, uzalwa ngoBomi obunguNaphakade. Kwaye leyo kuphela kobume obunye boBomi obunguNaphakade, kwaye obo buBomi bukaThixo. *Zoe*, igama lesiGrike ngu *Zoe*, kuphela kobume boBomi obunguNaphakade.

77 Ngoko ukuba ungunyana kaThixo okanye intombi kaThixo, wawukuThixo lonke ixesha. Kodwa Yena wayazi ngowuphi umandlalo nexesha owawuyakuhlwayelwa ngalo. Ke ngoku wenziwe isidalwa, unyana kaThixo, obonakalisiweyo unyana okanye intombi kaThixo ukuhlangabezana nomceli mngeni wale yure ukungqinisisa inyaniso noThixo ophilayo wale yure, uMyalezo ozayo ngeli xesha. Injalo lonto! Wenziwa phaya ngaphambi kokusekwa kwehlabathi. Ukuba ibingeyiyo . . . Ukuba wawungakhethwanga ngalaa ndlela, akukhathaliseki kukangakanani uzama ukulinganisa Wona, awusokuze uphumelele. Ungafumana njani igazi kwiteniphu ngelixa kungekho gazi phaya?

78 Eso sisizathu endizama ukutsho malunga nabantu abacinga sasi . . . singxola kubafazi malunga neenwele ezimfutshane, kwaye abantu bandixelela malunga nokutsho ezo zinto, "Uzakonakalisa ulungiselelo lwakho." Ukonakalisa ulungiselelo athe uThixo ngoKwakhe walumisela? Makube le oko! Kwaye xa abantu besiva iLizwi likaThixo . . . Xa usana lukhawulwe esibelekweni sikamama, xa laa seli inye isiya phaya, enye iseli yakhela kumphezulu wokuya. Asiyo seli inye yomntu, elandelayo yeyenja, kwaye elandelayo yeyekati, kwaye elandelayo yeyenye into; ingokuqinisekileyo, ngokuthe ngqo, umntu. Kwaye xa umntu ezalwa ngoMoya kaThixo, akafakeli nto ebomini bakhe, Lelingakrexezwanga iLizwi likaThixo elingqinelweyo lala yure. Uthabatha elizeleyo iLizwi likaThixo, akafaki zimvumo nkolo,

nanye engenye into kuLo. Lelinyulu elingakrexezwanga, iLizwi likaThixo libonakalisiwe phakathi kwethu.

79 Jonga eBhayibhileni, uyabona apho, sesiphi isigaba esiphila kuso ngoko, xa ubona ezi zinto zinkulu zibonakaliswa. Xa uThixo wathembisa ukuyenza, Usoloko eyenza. Ekugqibeleni kwesigaba ngasinye xa ibandla lifika kwindawo yokujika, kwaye lijikwa eLizwini ukubuyela esonweni nakubuhlabathi . . . Ubuhlabathi sisono. IBhayibhile ithe, "Ukuba uyalithanda ihlabathi okanye izinto zehlabathi, uthando lukaThixo alukho kwa ukubakho kuwe."

80 Ukuthetha phezolo, bendithetha malunga ne—nedini elanikelwayo, iMvana. Kwakufanele ibe ziintsuku ezisixhenxe, imele izigaba ezisixhenxe zebandla. Kwakufuneka kungafumaneki gwele phakathi kwabantu, kungabikho gwele iintsuku ezisixhenxe. Oko kuthetha ukuba akukho nto ixutywa naLo, Lelingenagwele, okoko. Kwaye asifuni zimvumo nkolo, amagwele nezinto ezixutywe nathi. Asifuni hlabathi lixutywe nathi. Kufuneka ibe siSonka esingenagwele sikaThixo, iLizwi likaThixo, elingakrexezwanga iLizwi likaThixo, ntoleyo, "Umntu uyakuphila ngalo lonke iLizwi eliphuma emlonyeni kaThixo."

81 Iinkqubo zethu zobuhlelo, nezantlukwano nezinto, zifake igwele kuthi, n*oku* n*okuya* nehlabathi nefashoni. Kwaye, owu, ibe njalo iphantse ibe yiHollywood ndaweni yonke. Iyakuphelela ekubeni ifane neNgilane phaya, ukubizela esiguqweni iyakuba nentloni. Bethu! Njengoko umzalwana esitsho, "Ungayifumana njani intlanzi emkhombeni?" Injalo lonto.

82 Sifanele sibe neVangeli ishunyayelwe ekupheleleni kwaYo, ngamandla kaThixo engqinela okuya ngokwesithembiso sesa sigaba kwaye sibonakalisa okuya ukuba yintando kaThixo ngokuchanekileyo. Ngaphandle kokuYa ulilungu nje lebandla, akukhathaliseki uzama kangakanani, uzama ukwenzela uThixo inkonzo. Ungaya kwitheko lokuthunga nelesuphu, ungaba ngongako ukuthembeka ebandleni; kodwa ngaphandle kokuba olwakhozo loBomi obunguNaphakade lalibekwe kwangaphambili kuwe, ukuba ube ngunyana okanye intombi kaThixo, uyakukhula uyekhubazekileyo into; kodwa ungaze ube ngowenene, onyanisekileyo unyana okanye intombi kaThixo.

83 Soloko ndinika ibali lam elincinci lokhozana oluncinci. Indlela umfama owabeka isikhukukazi ngelinye ixesha, kwaye wayene . . . Ndiyathemba ayivakali njengehlambela inkolo kuni. Kodwa umfama wabeka isikhukukazi, kwaye sasi . . . sisilele ngeqanda elinye ukuze sibe nokupheleleyo. Ndiyathandabuza namnye apha uyazi yintoni ukuphelelisa kwamaqanda, yenziwa ngamangaphi. Kodwa, nakanjani, wayesilele ngeqanda elinye, ekubeni nokwanaleyo. Ke wakhuthuza indlwana yokhozi, lalinamabini. Kwaye wabeka iqanda phantsi kwesikhukukazi.

84 Xa olwa khozi lwaqanduselwa phakathi kwamantshontsho enkuku, laliyintaka engaqhelekanga. Lalingakwazi kuqonda ukukokoza kwesikhukukazi, lingathethi nje ngeyalo . . . njengoko lalifuna ukuva lithetha. Kwaye lwaqhwaya efama, kwaye lisitya efama, yayingekokutya kulo. Lalilelibi idadana phakathi kwawo. Isikhukukazi besiya kukokoza kwaye belingakuqondi. Beliyakuya ngale ndlela lize litye *oku* litye n*okuya*, belingakuqondi. Ke ngenye imini umammy walo, okanye umama, gxebe, kuni. Mna . . . EMzantsi sithi "Mammy."

85 Ke, nakanjani, lona . . . umama walo—walo—walo wayazi ukuba waba namaqanda amabini, kwaye lalilinye kuphela elaliphaya, walandelela emva kwelinye. Wajikeleza konke phezu kwesizwe, kwaza ekugqibeleni wabhabha phezu kwefama. Walubona ezantsi phaya lilandela esasikhukukazi sidala. Wakhwaza, "Junior! Akuyonkukhu, ulikhozi!" Oko kwavakala nje kakuhle kuye. Kutheni? Waye elukhozi into yokuqala.

86 Kwaye xa indoda okanye umfazi ehleli phantsi kweemvumo nkolo nebandayo, eyomileyo inkolo, ukuba umiselwe ukuba abe ngunyana kaThixo, kwaye ubona iLizwi likaThixo lishunyayelwa emandleni aLo, kwaye uThixo elingqinela Lona, ulikhozi into yokuqala, uyakubaleka kuLo ngokungako ukuqiniseka njengoko izibini ezimbini isisine. Akanakuyinceda, ngokuba kwa imvelo yakhe iyalithanda iLizwi likaThixo. Andikhathali nokuba ubani ongomnye uthini, xa ebona iLizwi likaThixo libonakalisiwe, ubhabhela kuLo ngokuba wayelikhozi elincinci.

87 Njengoko beqhubeka besithi, wathi, "Mama, ndizakunyukela njani ukusuka apha?"

88 Waza wathi, "Yenza nje umtsi, ndizakuganga."

89 Leyo kuphela kwento ofanele uyenze, kukwenza umtsi omnye ngeenyawo, umtsi omnye kuThixo, isithembiso esinye, "Nkosi Yesu, ndiyaKukholelwa ngentliziyo yam yonke. NdiyaWukholelwa uMyalezo weyure. Ndiyawubona ungqinisiswa, kwaye ndiyazi Ulungile." Xhuma ngeenyawo zakho, uMama uzakuganga. Sukubanaxhala, ulukhozi, uyakubaphaya ukukufumana.

90 Ngoku, siyaqonda ukuba siphila kwixesha elibaluleke kakhulu kwaye ixesha elikhulu, kodwa xa iinyaniso zale Bhayibhile, amakholwa akubonile oko kungqinelwa, oko kanye ukungqinelwa kwaYo bubungqina bokuba uThixo ukuYo. Ngokuqinisekileyo! Kungoko ukuba isithembiso seLizwi, athe uThixo wasithembisa, sazisiwe. Imbewu iyadubula, kwaye bayaLibona kwaye bayaLikholwa. Abanye abakwazi nje ukuLibona, ngandlela ithile bayakuhlala bajonge kuLo.

91 Niyazi, ndishumayele ngqwabalala ngokwaneleyo kwi—kwi . . . ngokunqumleze eli lizwe, okokuba akufanele abekho umfazi onenwele ezimfutshane elizweni. Kodwa, lonke ixesha,

xa ndibuya, kukho abaninzi. Yintoni ingxaki? Kukho into engalunganga! Niyazi ukuba iLizwi likutshilo okuya! Nithi, "Kuhle, oko akwenzi namnye umahluko." Iyawenza umahluko!

92 Kukho umzalwana olungileyo, wathi, "Ndizakubeka izandla kuwe, Mzalwana uBranham. Ndiyakuthanda. Wonakalisa ulungiselelo lwakho." Wathi, "Akunamsebenzi wokuxelela bona abafazi malunga nokuya." Wathi, "Yekela abelusi bakwenze."

93 Ndathi, "Abakwenzi nakubeni kunjalo." Ndathi, "Ngoku. . . "

94 Wathi, "Kuhle, ayingomsebenzi wakho, wena nje thandazela abagulayo."

95 Ndathi, "Ngumsebenzi kabani, ngoko? Ndabizelwa ukushumayela iVangeli."

96 Wathi, "Ndiyakubeka izandla kuwe ndize ndicele uThixo ayisuse kuwe."

97 Ndathi, "Ukuba uyakuvumela—vumela mna ndibeke izandla kuwe, nawe." Yabona? Kwaye ndathi, "Ndiyakuthandaza ukuba uThixo avule amehlo akho kwaye uyibone Yona." Ke, injalo lonto!

98 Wathi, "Kufanele ushumayele. . . Abantu bayakukholelwa ukuba usisicaka, umprofeti kaThixo." Wathi, "Ufanele ubafundise bona abafazi indlela yo—yokufumana izipho ezikhulu nesiprofeto nezinto."

99 Ndathi, "Ndingakwazi njani ukubafundisa bona i-algebra xa bengayi kwa ukukholelwa o-ABC babo, kuqala?" Yabona? Injalo lonto. Ke a—akunakuyenza. Oko kukuyo yonke nje. . . Injalo lonto. Ukuba akunakwenza izinto eziqhelekileyo, uzakuzenza njani izinto zokomoya? Izinto zendalo. Ngokuqinisekileyo! Mzalwana, dade, ingavakala njengesiqhulo, kodwa yiVangeli! Iyi—IyiVangeli yeNyaniso. Injalo lonto!

100 Qaphela, siyafumanisa namhlanje ukuba abantu. . . Kukho abaninzi abantu abangenakho ukukholwa Yona, nkqu nabazele nguMoya abantu. Ndizakuninika enye ezakunikrwitsha. Ubhaptizo loMoya oyiNgcwele aluthethi ukuba uyangena, hayi konke konke, hayi kokuya, ayinanto yakwenza nomphefumlo wakho. Olo lubhaptizo, yabona. Apha ngumphakathi womphefumlo, khona *apha*, ofanele ukuza usuka kuThixo. Kodwa ngoko kumphandle unezimvo ezintlanu, kwaye isihlanu kwi. . . ekuseni ngaphakathi kowakho. . . ukuqhagamshelana nekhaya lakho lasemhlabeni. Ingaphakathi, unomoya, kwaye ngaphakathi phaya unezikhupheli ngaphandle ezintlanu: isazela sakho, nothando, nanjalo njalo, izikhupheli ngaphandle ezintlanu kulamoya. Khumbula, kula moya ungabhaptizwa ngoMoya wenene kaThixo kwaye futhi ulahleke. Ngumphefumlo ophilayo, owamiselwayo nguThixo.

101 Akazange atsho na uYesu, “Baninzi abayakuza kuM ngaloo mini, baze bathi, ‘Nkosi, andikhuphanga zidemoni na, ndenza emikhulu, eyamandla imisebenzi, ndaprofeta, izipho ezinkulu zikaThixo?’” Wathi, “‘Mkani kuM, nina basebenzi bokungalungisi, Andizange ndanazi.’ Baninzi abayakuza ngalaa mini.”

102 Akazange aprofete na uKayafa? Wayengumtyholi. Siyafumanisa phaya . . . Kunye nabo ababingeleli, wona amadoda amakhulu, ayefanele abe ziinkokheli ezinkulu zalo mihla, ngentobeko nayo yonke into engenye, kodwa asilela ukubona iLizwi likaThixo ngokwaLo libonakalisiwe phambi kwabo.

103 Singathatha nje imfumba yabo ndibabhale phantsi apha. Kanjani ngoBhileham? Wayeyi . . . Nithi, “UThixo uguqula ingcinga Yakhe.” Akaguquli ingcinga Yakhe!

104 Xa uBhileham waphumayo nje ngomprofeti, waze wehlela phaya, ubhishopu, umshumayeli, nokuba yintoni enifuna ukumbiza ngayo, wayeyindoda enkulu. Kodwa xa wabuzisa kuThixo malunga nokwehlela ezantsi phaya nokuqalekisa uSirayeli, wayengabathandi bona indawo yokuqala, ke xa wacela ukuya, uThixo wathi, “Sukuya!”

105 Emva koko bathumela izitatanyiswa, igquba, abanye mhlawumbi loobhishopu okanye abaphathi bafundisi, okanye into ethile, ezantsi, bathi, benemfundo engaphezulu, yokucenga yena. Wabuyela emva waze wabuza uThixo kwakhona. Akudingeki umbuze uThixo ityeli lesibini! Xa uThixo ayitshilo okokuqala, Yilonto! Akudingeki ulindele nantoni.

106 URebheka akazange alindele kufumana umyalelo wesibini. Bambuza, bathi, “Uyakuhamba na?”

107 “Makatsho.”

108 Wathi, “Ndiyakuhamba!” Wayezinzile ngokuphefumlelwa nguThixo. Waba ngomnye weekumkanikazi zeBhayibhile ngokuthabatha amanyathelo ekubetheni koMoya kaThixo owahamba phezu kwakhe ukuba azuze oko ngokwenene kwakuyinyaniso, kwaye wayikholelwa.

109 Ngoku siyafumanisa, uBhileham, kakade, wayengenakho ukubona. Waphuma waza wajonga phezu kwabantu, wathi, “Ngoku, nje umzuzu! Singabakhulu, abantu abakhulu phezulu apha, nina niligquba nje elichithachithakeleyo.” Niyabona? “Kwaye thina sonke—thina sonke sikholelwa uThixo omnye.”

110 Leyo yinyaniso. Bonke babekholelwa uThixo omnye. Bonke babenqula uYehova. Jonga kwidini likaBhileham: izibingelelo ezisixhenxe, inani likaThixo eligqibeleleyo; amabandla asixhenxe, yabona; iinkunzi zegusha ezisixhenxe, zithetha ngokuza kweNkosi. Ngokweziseko, wayeme kwiziseko njengoko uMoses wayenjalo; kodwa, niyabona, kwakungekho

kungqinelwa okuNgcwele. Khona phaya, yayingabaprofeti ababini.

111 Kodwa phantsi kolungiselelo lukaMoses, kwakukho iNtsika yoMlilo engaphezu kwendalo, ukuKhanya okwakujinga kwiminquba. Kwakukho impiliso eNgcwele, kwakukho umemezo loKumkani eminqubeni, imiqondiso emikhulu, impiliso eNgcwele, kunye nemimangaliso kunye nezinto ezenziwayo phakathi kwabo. Yayingumqondiso woThixo ophilayo phakathi kwabantu Bakhe.

112 Ngokweziseko, bobabini babelungile. Kwaye uBhileham wazama ukubacenga abantu, nokubathakathela kuyo. Nini? Kanye phambi kokuba bafike kumhlaba wesithembiso. Omnye umhla okanye emibini, babeyakuba kumhlaba wesithembiso.

113 Kodwa ngoku ndiyoyika . . . Olu luphawu olunzima ukulwenza, ngenye yezi mini ndiyakudutyulwa ngaYo. Kodwa khumbulani oku, okokuba, amabandla athakathiwe leliQumrhu likaNkonzo-zonke, linithabathela ngqo kuyo, ukuthi, "Niliqela elinye." Aniloqela elinye! Phumani phakathi kwala nto kwaye nahlukane! Ngokuqinisekileyo yiyo, Yinyaniso. Kufuneka sizigcine kude kula nto, kangangokuba ninakho kuyo.

114 UBhileham wathi, "Thina si . . . masivumele abantwana bethu batshatane ngokuba, emva kwako konke, sikholelwa uThixo omnye."

115 "Bangathini ababini ukuhamba kunye ngaphandle kokuba bavumelene?" Ungathini ukuhamba noThixo ngaphandle kokuba uyavumelana neLizwi Lakhe? Ungathini ukongeza iimvumo nkolo nanjalo njalo kuLo, xa umiselwe ukuba ungayenzi, okanye, uyalelwe ukuba ungayenzi? Akunakuyenza. Akukho ndlela yokuyenza, mzalwane, dade. Akunakuxubanisa ela gwele nokungenagwele. I-oli namanzi awanakuxubana. Ubumnyama nokukhanya akunakuxubana. Ukukhanya kunamandla kakhulu, kubeka nje ubumnyama ngaphandle.

116 Kwaye ke asinakuyixubanisa. Ungenakho nokuxuba isono kunye nehlabathi kunye. Akunakuxuba iBandla nehlelo kunye. Akunakuxuba iBandla kunye nemvumo nkolo kunye. Akunakuxuba ihlabathi kunye neVangeli kunye. Ayisayi kuxubana! "Phumani phakathi kwabo, yibana ngabahlukileyo," utsho uThixo, "Ndiyakunamkelela kuM. Niyakumba ngoonyana neentombi zaM, Ndiyakuba nguThixo kuni." Asisokuze sibenakho ukuyenza zide ezi zinto zibonakalaliswe, kwaye iLizwi likaThixo leyure libonakalisiwe ukuba liyiNyaniso. Landela emanyathelweni.

117 Pentekoste, yilonto uLuther walahlekelwa ngumyalezo wakhe. Yilonto uWesley walahlekelwa ngumyalezo wakhe. Yabona, ukuba ibandla likaWesley belinge liqhubekile, beliyakuba ngamaPentekoste. Ukuba amaLutere ayeqhubekile, ebeyakuba ngamaWisile. Yabona? Ngoku ukuba amaPentekoste

ayaqhubeka, iyakuba nguMtshakazi. Ukuba uhlala emva uze uqhubeke ukubuyela emva ehlabathini njengoko usiya ngoku, uyakulahleka! Iyakuba likhasi kuphela, kwaye idiza kufanele litshiswe. Siyakwazi oko. Uyakuhlanganisela iNgqolowa Yakhe kuvimba. Kodwa umququ Uyakuwutshisa ngongacimiyo umlilo, nakubeni ubusisithwali. Ngokuqinisekileyo iyithwele Yona. Kodwa uBomi buyishiyile kwamsinya isiba ligqabi, yaqhubekela ukuyokwenza into ethile engenye yade yafikelela kubume bayo obuzeleyo.

118 Kwaye ke iBandla liyakuza ngoGwetyelo, uNgcwaliseko, uBhaptizo loMoya oyiNgcwele (ubuyiselo lwezipho), ukuqhubekela ekubumbekeni komfanekiso kaKristu. UKristu nguMyeni, iBandla nguMtshakazi, kwaye uMtshakazi yinxalenye yoMyeni. Iyakufuneka ukuba ibe liBandla leLizwi, hayi ibandla lobuhlelo. Iyakuba liBandla leLizwi, iLizwi elazisiweyo, kunye, nelingqinelweyo iLizwi likaThixo.

119 UBhileham, wayengenakho ukuwubona umahluko. Abaninzi abanakho.

120 UFaro akakwazanga ukulibona Lona, nangona Langqinelwa kanye phambi kwakhe.

121 UDathan akakwazanga ukulibona Lona. UDathan waphuma phaya, kwaye wambona uMoses kwaye wazi. Waphuma waya phaya, wathi, "Uzama ukucinga ukuba kuphela kwakho kulo igquba. Ibandla lonke lingcwele!" UThixo akazange waqubisana ngolwahlobo. Kwakufanele wazi ngcono kunokuya. Kwaye wathi, "Kuhle, ibandla lonke lingcwele. Uzama ukuzenza . . ." Ukuba singakutsho namhlanje, intetho yasesitratweni, "Kuphela kwengqalutye elwandle."

122 Kwaye uMoses wayesazi ukuba uThixo wayemthumelele okuya ezantsi phaya. Wathi nje, "Nkosi . . ." wawela e—esangweni lomnquba.

123 Waza uThixo wathi, "Zahlule kuye." Waza wabaginya.

124 Kwaye khumbulani, isono awathi wasenza uSirayeli (ngokutsho kukaBhileham, "Bonke banye."), esa sono zange asixolelwe uSirayeli. Kwaye jonga, mandikunike inani elothusayo; kwizigidi ezibini ezashiya iYiphutha, ababini kuso saya kumhlaba wesithembiso. Wonke ngamnye kubo utya into ekwanye, bonke baxhentsa eMoyeni, babanayo yonke into ngokufanayo; kodwa xa ifika kwixesha lokohlukaniswa, iLizwi lenza ukwahlukanisa. Ke injalo namhlanje! ILizwi lenza ukwahlukanisa! Xa kufika ixesha, wathi, "Kutheni, apha, thina si . . ."

125 Isondele kakhulu, jonga, iBhayibhile ithe, "Kwimihla yokugqibela imimoya emibini," Mateyu 24:24, "iyakusondelelana kakhulu, iyakukhohlisa nabona Banyuliweyo ukuba bekunokwenzeka." Elaa khasi likhangeleka kanye ngqo njengengqolowa, kodwa asiyongqolowa. Yabona?

Asiyongqolowa, kodwa ikhangeleka kanye ngokuchanekileyo njengayo. Yabona? Isondele kakhulu, ibiyakukhohlisa nabona Banyuliweyo. Nizenze ihlelo naza nawela kwela hlelo, naza noma naza nafa, yaza ingqolowa yaqhubeka ngayo i . . . Yabona? Leyo injalo ngqo! Sisithwali, kodwa asiyongqolowa.

126 Khumbulani, ingqolowa iyaqhubeka nje. Eluvukweni onke laa mandla engqolowa ayakunyukela engqoloweni, njengoko isiya kwenza intloko, ukuphumela kuvuko olukhulu.

Zange baxolelwe!

127 Masime apha nje ithutyana. Ndiyathemba andinikrwitshi. Kodwa, jongani, mandinibuze into ethile. Masithabathe nje okuya. Yithi, umzekelo, ukuba olubalo luyakuba lolulungileyo. Xa imbewu esuka kwiduna nethokazi isiza, ukuba wakhe wazazi izingxobo zokuvavanya okanye—okanye ukuxutyaniswa nanjalo njalo kweenkomo, uyakufumanisa ukuba kokukhutshwa liduna kukhupha isigidi samathontsi obomi. Kwaye kokukhutswayo kusuka kwithokazi kukhupha isigidi samaqanda. Kodwa ubusazi ukuba kukho elinye kuphela kuwo elichumileyo? Wona amathole amancinci, okanye nantoni ayiyo, kulamathontsi obomi azizigidi, isigidi samathontsi obomi, kuyakubakho eliya lincinci ithontsi lobomi eliyakuzenza linyukele phezulu kwezinye zaloo mathontsi obumi lize liye ngqo ngaphaya lize lifumane eliya lichumileyo iqanda lize lirhubuluzele ngaphakathi kulo, kwaye amanye onke awo ayafa. Elinye lawo limiselwe ubomi, amanye akanjalo, nakubeni onke iyinto enye. Isinye kwisigidi!

128 Kungathini ukuba ibiyakuba ngalaa ndlela ngobu busuku? Kukho izigidi ezingamakhulu amahlanu, kungathi kunjalo, ndiyacinga, amaKristu ehlabathini, malunga nela nani, nje eluqukayo inani. Ukuba uXhwilo lunokuza ngobu busuku ngoko, kwabaphilayo abahambayo, kuyakubakho kuphela amakhulu amahlanu abantu. Kuhle, kukho abangako ubuninzi abanyamalalayo nangaliphi usuku, phantse, abangenakho ukunika ingxelo ngabo. UMtshakazi uyakuthatyathwa ususwe kwaye siyakumangala ukuba konke kumalunga nantoni; kwaye abantu beqhubeka beshumayela, besithi ba "fumana *oku*, n*okuya*, kunye n*okunye*," kwaye jonga olunjani ukhohliso eluyakuba lulo. Ithi ukuba iyakuba kokuya; anditsho ukuba yiyo, andazi, andilogunya lokuya. UThixo nguMgwebi wokuya. Kodwa khangela obunjani ubulula enokwenzeka, kuwo wonke amanani nezinto, indlela enokuqondakaliswa ngayo.

129 Kwakutheni lento uKora engazange ayibona Lanto? Kwakutheni uDathan engazange ayibone Lanto?

130 Kwakutheni lento u-Ahabhi engazange ayibone Yona? Xa u-Ahabhi . . . Xa uYehoshafati wehla waya ku Ahabhi, wathi, "Ahabhi, sisengxakini. Uyayazi uThixo usinike lo mhlaba? UYoshuwa wawaba. Uyayazi esi siqwengana somhlaba phezulu

apha athe amaSiriya awuthabatha, ingaba lowa asingomhlaba wethu?"

"Ewe!"

131 "Abantwana bethu balambile, kwaye amaSiriya (iintshaba zethu) ondla abantwana bawo, azalisa izisu zawo ngengqolowa efanele ibe yeyethu." Oko kungokwesibhalo ngokulungileyo. Wathi, "Uyakundincedisa ukunyukela phaya size siwuthathe?"

132 Ngoku, ngelinye ixesha indoda elungileyo phantsi kwempembelelo yokungcola iyakunikezela. Kugcono niqwalasele, bandla, qwalaselani ngokusondele kakhulu.

133 Ngoku, into yokuqala oyaziyo, uYehoshafati, ekubeni eyindoda enkulu yenkolo, wathi, "Kuhle, kufanele sinyuke, ngokuqinisekileyo, iinqwelo zethu, sonke singabantu abanye." Kodwa babengengobantu abanye! Hayi! Wathi, "Kuhle, iinqwelo zethu ziinqwelo zakho, abantu bethu ngabantu bakho. Ngokuqinisekileyo, siyakuya." Wathi, "Kodwa masibuzise kwiNkosi kuqala."

134 Ke wathi, "Owu . . ." (u-Ahabhi) ". . . kuhle, akukho ntandabuzo, kufanele sikucingile okuya. Kuhle, siya . . ."

135 "Ukhona na umprofeti weNkosi?"

136 Wathi, "Ndinesikolo sizele ngabo. Ndinamakhulu amane ezantsi apha, abangcono abakhoyo. Bonke bane Ph.D., L.L.D., ezabo eziphindiweyo iL.D.'s, nayo yonke into engenye ehamba nayo. Bonke ba . . ." Ngoku khumbulani, babengabaprofeti bama*Hebhere*, bephuma kwisikolo sabaprofeti.

137 Wathi, "Bazise apha, masibeve."

138 Ngoku, ndiyakholwa yayinguZedekiya (intloko enkulu phezu kobhishopu, bonke babo) wenyukela phaya, kwaye wayenentumakalelo. Wayenentumakalelo, ngokuqinisekileyo. Wenyukela phaya, waza wazenzela ezimbini ezinkulu iimpondo zentsimbi. Wathi, "Uyazi, ITSHO INKOSI, 'Uzakuthabatha ezi mpondo uze ududule amaSiriya uwatyhale aphume esizweni.'"

139 Kuhle, bonke kubo baprofeta, "Oko kunjalo ngokuqinisekileyo!" Wonke ngamnye kubo, isikolo sonke, kungqinelwano. Yabona?

140 Wathi u-Ahabhi, "Uyabona?"

141 UYehoshafati, ekubeni luhlobo lowongokomoya, uyazi, wayengomanga wonke, wathi, "Kodwa bekungekho nje ongomnye ndaweni ithile, esinokubuzisa kuye?"

142 "Ufuna ukubuzisa ntoni kwabanye, xa yonke Indibanisela (iqumrhu lonke), lisithi 'Konke kulungile'?" (Uxolo, yabona.) "Into yonke yathi, 'Oko koko sifanele sikwenze.'" Yabona? "'Oko koko kufanele sikwenze.'"

143 Wathi, "Kodwa bekungekho nje omnye ndaweni ithile?" Lowa uyedwa, uyazi.

144 Wathi, "Ewe, ukhona. Ukhona, uMikaya unyana ka Imla, kodwa ndimthiyile." Kwasoloko kungalaa ndlela. "Ndimthiyile kuba wasoloko nje engxolisa abantu bethu, kwaye endiqalekisa, kwaye endixelela konke okungcolileyo malunga nam. Ndiyithiyile indoda!"

145 Wathi, "Aha, makangatsho ukumkani." Wathi, "Hamba uyekumbiza."

146 Ke baya ngaphaya kunyana ka Imla, abanye boo—boobhishopu, okanye, abanye babadala, baza baya ngaphaya, bathi, "Ngoku, phulaphula, ingaba ufuna ukubuyela embuthweni kwakhona? Utsho into ekwanye abayitshoyo, bayakukubuyisela."

147 Kodwa kwenzeka ukuba uThixo wayenendoda ababengenakubeka zandla zabo kuyo; uThixo waye enenzandla Zakhe kuyo. Yayisisibonakaliso seNyaniso kaThixo. Wathi, "Ngokuqinisekileyo," wathi, "Ndiyakwehla, kodwa ndiyakutsho kuphela oko uThixo akubeke emlonyeni wam." Nantso indoda kaThixo. Yathi, "Ndinikeni ubusuku." Ke ubusuku bafika, yaza iNkosi yathetha kumprofeti, umntu omncinci ongento. Kwaye into yokuqala uyazi, yaphuma kwintsasa elandelayo.

Bathi, "Malunga nantoni nayo, Imla?"

148 Wathi, "Nyukani," wathi, "kodwa ndibone uSirayeli echithachithiwe njengezimvu endulini, ezingenamalusi."

149 Wathi, "Bendikuxelele ntoni! Bendikuxelele ntoni malunga nayo!" Waza wathi . . .

150 Emva koko ubhishopu omkhulu wenyuka wamqhwaba emlonyeni, wathi, "Yeyiphi indlela uMoya kaThixo ohambe ngayo? Kuba ndiyayazi ndinoMoya; ndixhentsile kuWo, ndenze zonke ezi zinto. Yabona, ndibe—ndibenoMoya kum. Yeyiphi indlela ohambe ngayo Wona?"

151 Ngoku, yabona, u-Imla ekubeni engunyana kaThixo, okanye umprofeti wenene kaThixo, waxilonga umbono wakhe ngeLizwi. Ukuba ibingekho kunye neLizwi, ayilunganga. Yabona? ILizwi lalayure, yabona. Ngoku, wathi ngokwesibhalo, umhlaba ungowabo, umhlaba wawungowabo. NgokweSibhalo, yonke into yakhangeleka ilungile kodwa into enye.

152 Khumbula, yayiliLizwi elinye elabangela yonke imbutyulelo ifike, u-Eva zange akholelwe iLizwi elinye likaThixo; ekuqaleni kweBhayibhile, iLizwi elinye labangela ingxaki. UYesu, ufika embindini weBhayibhile, athi, "Umntu uyakuphila ngalo lonke iLizwi eliphuma emlonyeni kaThixo." Ekugqibeleni kweBhayibhile, wathi, "Nabani osusa iLizwi elinye okanye ongeze igama elinye kuYo."

153 Asiyonxalenye yeVangeli . . . AmaWisile anenxalenye, amaBhaptizi, amaRhabe, nanjalo njalo, anenxalenye yaLo, iKatolika inenxalenye yaLo, amaNgqina kaYehova, bonke kubo.

154 Kodwa kukuphelela kweLizwi, lonke iLizwi, iLizwi leyure, koko okubalayo. Kwaye asisayi kuyenza ade uThixo athambise umprofeti onokuma aze aLixele, aliqinisekise Lona, aliqondakalise Lona ukuba Lilungile. Iyakunyamalala kanye ngqo ebantwini, abasokuze baLazi, kanye njengokuba lasoloko linjalo.

155 Nina maKatolika, njengo Joan wase Arc, namtshisa esibondeni ngokuba ligqwirha; kamva nayigrumba imizimba yababingeleli, amakhulu amabini eminyaka kamva, nayilahla emlanjeni. Naningamazi uPatrick oNgcwele kunye nabanye babo.

156 Iyakugqitha ezandleni zenu kwakhona, into yokuqala oyaziyo. UThixo uyakuyenza, kwaye anisayi kwazi kwa nkqu ukwazi ukuba yenzekile. Yabona, Uyegqitha nje aze athabathe uMtshakazi Wakhe aze amthabathele Yena kanye phezulu, kwaye ambe emke naYe, kanye phakathi kwabantu.

157 Siyafumanisa, lo Mikaya mncinci wathi waphononongа, wayazi ukuba uThixo wayetshilo, ngowenene umprofeti ngaphambi kwakhe. Umprofeti ngaphambi kwakhe, wathini? Watsho oku, wathi, "Ahabhi, ngokuba uphalaze elelungisa, okanye igazi lelungisa uNabhodi, izinja ziyakuxhapha elakho igazi kananjalo, noJezebhele." Kwaye nje kanye ngqo, kwafuneka kwenzeke ngokuba uThixo wayekutshilo. Angathini laa mprofeti aprofete okulungileyo ngelixa kwakukubi ngokuchasene nayo?

158 Ndingalixelela njani eliBandla lesiGaba saseLawodike izinto ezilungileyo ngelixa uThixo athethe ngokuchaseneyo ngalo? Nize, nilusizi! Nithi, "Ndityebile, ndinokungcono . . . Ndinamabandla njengeWisile, namaBhaptizi, namaRhabe. Ndin*oku*, ndin*okuya*; okungcono *oku*, *okuya*, n*okunye*." Injalo lonto, kodwa akwazi ukuba uze, uyimfama, ulusizi, kwinto yenene uThixo ayibonakalisayo. Iyakugqitha nqo kuwe, ng*olwa* hlobo, ihamba kanye iphuma. Yabona? Kholwani, bantu, ngaphambi kokuba kube semva kwexesha.

159 Ngoku, siyafumanisa ukuba wambetha emlonyeni, waza wathi, "Yeyiphi indlela uMoya kaThixo . . . ?"

160 Wathi uMikaya, "Ndimbonile uThixo ehleli phezu kweTrone. Kwaye zonke . . . Wabiza abathunywa beZulu, wathi, 'Ngubani esinokumthumela ezantsi aze alukuhle u-Ahabhi?'" Wathi, "Kwaze omnye womoya oxokayo wenyuka wawa phambi koThixo; ixoki." Kwaye khumbula, laa moya uxokayo wangena kwabo baprofeti, kwakufanele bazile ngoko ukuba umoya owawuphezu kwabo wawungekho ngokweLizwi. Kodwa babethabathekile kakhulu ngokuba babengabaprofeti bakakumkani, ngokuba babenayo yonke into ilungile.

161 Kwaye oko koko ibandla likwenzileyo namhlanje. Nimkile kulamava ayifashoni endala enaninawo kwiminyaka

eyagqithayo xa nemayo kwimbombo zezitrato nashumayela iVangeli.

Phumani kuloo mibutho nize nizibize "abantu abakhululekileyo" (Heyi!) ngokuba nizibhijele kuyo kwakhona, njengehagu kumgxobhozo wayo okanye inja kumhlanzo wayo. Ukuba iyayihlanzisa kwityeli lokuqala, iyakuyenza ihlanze kwakhona. Injalo lonto! UThixo wanitsica emlonyeni Wakhe, Wathi, "Nidikidiki, anishushu okanye anibandi"; nibe nemihlangano embalwa, emva koko nidlale ombalwa, umculo, nize—nize nicule kancikane, xa, ngokwenene i . . . iphantse ibe lihlazo kubuKristu.

162 Unyana wam undibizele ngaphaya ngenye imini ukuya kujonga umabonwakude, kufanele ibe ngumboniso womculo apho abantu bezayo. Ela gquba loo Ricky abancinci bemile phaya, beshukuma njengale rock-and-roll, kwaye becula wona amaculo, lihlazo kuYesu Kristu! Akusekho lundiliseko ebandleni konke konke. Kukhangeleka ngathi yonke ibe yirock-and-roll yento ethile, kunye nomboniso wefashoni, endaweni yeBandla loThixo ophilayo apho uYesu Kristu anokuzibonakalisa Yena emandleni. Ikhangeleka kum, kukho into engalunganga ndaweni ithile. Bayanyebelezela besimka. Kwaye iBhayibhile ithe iyakuba ngalaa ndlela. Yabona? Jonga apho ukhoyo. Lumka, vuka ngaphambi kokuba kube semva kwexesha.

163 Ngoku siyafumanisa, Wathi, "Ngubani esinokumfumana aye phaya aze alukuhle u-Ahabhi, ukumenza aye phaya ukuya kuzalisekisa mazwi alamprofeto?" Yabona, ukuba umprofeti wathetha iLizwi, amazulu nomhlaba ayakudlula kodwa Lona alinakusilela. Kwakufanele lenzeke. Ke yilonto, kwakufanele yenzeke.

164 Wathi, "Yifakeni le ndoda kwisisele esiphakathi, yondleni ngesonka sosizi namanzi osizi. Xa ndibuya ndinoxolo, ndiyakuyihoya."

165 UMikaya wema ngxi phaya, esazi unoMoya kaThixo. Isiprofeto sakhe, imibono yakhe yayilungile. UMyalezo wakhe wawulungile, kuba yayingu ITSHO INKOSI usuka kumbono, ITSHO INKOSI osuka eLizwini. Kwakufanele ukuba ibe yelungileyo, yayingu ITSHO INKOSI. Wathi, "Ukuba ubuyile kwa ukubuya, uThixo akazange wathetha nam." Kwaye niyakwazi okwenzekayo, ngokuqinisekileyo. Yabona, nina . . .

166 Qonda, mzalwana. Phulaphula.

167 Ngokuqinisekileyo, uKayafa, akakhange aLibone. Kwakutheni engakhange ajonge ezantsi . . . ? Waye e—waye engubhishopu, wayengupope wawo onke amabandla ehlangene. Kwakutheni laa ndoda ingakwazanga ukubona uYesu emile phaya? Kwakutheni ingakwazanga ukuqonda? Xa babecula iNdumiso yama-23, ama-22 eNdumiso, gxebe, ebandleni, kunye,

"Thixo Wam, Thixo Wam, Undishiyelani na Mna?" kwaye nanko Ejinga emnqamlezweni. Kwa ezo Zibhalo, kwa loo Thixo ababemnqula, babemohlwaya Yena kwaye bembulala Yena ngokuba "ngumbaxi." Nantso ke.

168 Iyakukothusa ukuba ndingakuxelela ukuba oko nje kumalunga nokuziphinda kwakhona. IBhayibhile ithe Wayengaphandle ezama ukunkqonkqoza ukungena ngaphakathi, kwaye akukho mntu obeya kuMvulela angene, "Lowo Ndimthandayo Ndiyamqeqesha Ndimohlwaye, Ndiyamngxolisa, Ndimdlikidlela phantsi, kodwa kungokuba Ndimthanda. Ndivulele kwaye uNdingenise ngaphakathi." Ehe. Abanakho . . . "Khumbulani, bendingafuni kungena ebandleni; ngu*ye*, umntu." Ebengenakho ukungena ebandleni, bamtshixela Yena ngaphandle. Kuphela . . . ngoko, kuphela kombutho wayo yonke, kusesi sigaba sebandla, okokuba Wayengaphandle ebandleni. Ekhutshiwe! Eliwe! Engafunwanga! Ngokuba . . . Wayebonakaliswe okomzuzwana kwamanye amabandla, kwimo yogwetyelo, njalo njalo; kodwa khona apha, isigaba esizayo ngoku, kukubonakaliswa okuzeleyo kokungqinelwa kukaYesu Kristu okwamnye izolo, namhlanje, naphakade. Owu, ndiyakuvuma sinabaninzi abalinganisi, kodwa hlola owokuqala, owemvelo.

169 UMoses wehla kunye nemiyalelo kaThixo, ukuyakuhlangula uSirayeli; kwaye xa wakwenzayo, wenza imiqondiso ethile. Abalinganisi bamlandela. Ukuba bebengabokuqala, ebeya kuba ngumlinganisi. Yabona, wayeneLizwi leNkosi, kwaye iNkosi yangqinela; wahlala nje wazola.

170 Kwaye, niyazi, lanto inye ithenjisiweyo kwimihla yokugqibela? "Njengoko uYambres noYanes bamelana noMoses, ayakubanjalo nala madoda angqiqo ziqaqadekileyo ngokubhekiselele kwiNyaniso." Kwaye xa umbutho ugcina i . . . uthabatha indoda uyise kulaa mbutho, ibonakalisa ayisuki kuThixo; ngokuba, uThixo wenza ezo zinto ukutsala ingqondo yabantu, kuze emva koko uMyalezo uyilandele. Ukuba ayinjalo, ngoko asingoThixo. AsingoThixo! UThixo usoloko ekwenza oko.

171 UJudas zange akwazi ukuLiqonda. Wamba kanye naYe, akakhange aLibone.

172 Kodwa owenene, omiselwe nguThixo, laa mfuzo yenene, olwakhozo lobomi lenene, umphefumlo kaThixo owawukuThixo ngaphambi kokusekwa kwehlabathi; khumbula, wena unoMoya kaThixo ngokwenene kuwe ngobu busuku, wawulapha kuKristu ngokuba Yena wayeyinzaliseko yeLizwi. Wayeyinzalisekiso yentlokobuThixo emzimbeni. UThixo wayekuKristu, exolelanisa ihlabathi kuYe. Niyakukholelwa oko? Jongani, WayekuKristu. Ngoko ukuba wawukuThixo, imfuzo, igama, isibonakaliso kwasekuqaleni, ngoko wahamba naYe apha

emhlabeni, wathetha naYe emhlabeni, wava ubunzima kunye naYe emhlabeni, wafa kunye naYe eKalvari, kwaye wavuka kwakhona kunye naYe; kwaye ngoku uhleli kwezaseZulwini iindawo kuKristu uYesu, uncokola naYe (iLizwi) njengoko Lisondla emphefumlweni wakho, okokuba, "Umntu uyakuphila ngalo lonke iLizwi eliphumayo."

173 Hayi ilizwi lobuWisile, ilizwi lobuBhaptizi; khumbulani, ukuba kwakukho nakuphi okushiyekileyo kwidini, kufanele kutshiswe phambi kwentsasa, kuba ngomso sesinye isigaba sebandla. Oko kunjalo? I-Eksodus, Iyinyaniso. Uphawu, umfuziselo weDini.

174 ISango. Wathi, "Ndiyakwenza indawo enye. Musa . . . Anisayi kuNdinqula kulo lonke isango endithe Ndaninika; kodwa kukho iSango elinye, kwaye kweliya Sango Ndiyakubeka iGama laM." Kwaye apho iNkosi ibeke iGama Layo, leyo yindawo ayakuthi uThixo amkele idini lakho. Senze zonke iintlobo zamasango, kodwa uThixo wenze iSango. UThixo wenze iSango, kwaye elaa Sango lali . . . UYohane oNgcwele isahluko se-10, wathi uYesu, "Ndim ela Sango."

175 UThixo wabeka iGama Lakhe kuYesu. Niyakukholwa oko? Waye enguNyana kaThixo. Wonke unyana uza egameni likayise. Wathi, "Ndiza eGameni likaBawo waM, aniNdamkeli." Ndiza egameni likatata wam, uza egameni litata wakho. UYesu uza eGameni likaYise Wakhe, ke iGama likaYise nguYesu; ngokuqinisekileyo, kuba Uza eGameni likaYise Wakhe.

176 "Kwaye aniNdamkeli. Omnye uyakuza, kwaye yena niyakumamkela." Niyakuthabatha amahlelo enu nize nihambe nawo. Qhubekekani nje, iBhayibhile itsho, "Bavuselwa ukuze bazalisekise le ndawo. Imfama, baze, kwaye abayazi lonto." IBandla, inkolo, owu, ongowenkolo ngenene, nje into ekwanye njengoKayin wayenjalo; wenza idini, wenza yonke into nje ekwanye njengo Abheli wenzayo. Kodwa ngesityhilelo kwakutyhiliwe kuye yeyiphi inkonzo eyayiyiyo, hayi iziqhamo zasendle nento oyenza ngesadla sakho.

177 Ikholwa lingalibona iLizwi lenziwe inyama; abanye abanakuyenza.

178 Onke wona amaSirayeli, emveni kokuba bebone uMoses esenza okuya nokubazisa bona kanye phezulu kwiqumrhu elikhulu, apho kwakufanele ibanjelwe khona, wonke ngamnye wabo wathi, "Siyakuhamba noBhileham, ngokuba sicinga uGqr. Bhileham ulungile. Ukrelekrele, ufunde kakhulu, yonke into, ke siyakuyithatha nje."

179 Kwaye uThixo zange wabaxolela, Wabatshabalalisa kanye phaya entlango. Kwaye uYesu wathi, ngoKwakhe, "Abasayi kubuya, akukho namnye kubo owasindiswayo." Wathi uYesu . . .

180 Bathi, "Oobawo bethu batya imana entlango amashumi amane eminyaka."

181 Wathi, “Bonke bafile, ngoNaphakade bahlukanisiwe kuThixo. Bonke bafile.” Ngokuqinisekileyo! Ngokuba baphulaphula kwimpazamo. Xa uMoses, ongqinelweyo kaThixo, nomkhokeli ukubabonisa indlela eya kumhlaba wesithembiso, kwaye babesuka kude kangako ngokulungileyo, kodwa emva koko babengenakuqhubeka behamba naye.

182 Ngoku, amakholwa angaKubona, kodwa abangengomakholwa abanakho ukukubona Okuya kungqinelwe.

183 Jonga wayengowenkolo kanjani uKayafa. Jonga indlela bonke abayababingeleli babengabenkolo ngayo. Kwaye uYesu waguquka, wathi, “Ningabakayihlo wenu umtyholi, kwaye nemisebenzi yakhe niyakuyenza.”

184 Kodwa kwakukho ambalwa amakholwa ehleli phaya. Nicinga abayabafundi babenokukqonda xa uYesu wathi, “Mna noBawo waM sibanye”? Babengenakho ukuyicacisa Yona. Xa Wathi, “Ngaphandleni kokuba nitye inyama yoNyana womntu, nisele iGazi Lakhe, aninaBomi,” babenganakho ukucacisa Okuya? Hayi. Kodwa baKukholelwa, ngokuba bambona uThixo engqinelwe kwaye enziwe inyama.

185 Wathi uYesu, “Ukuba Andenzi imisebenzi kaBawo waM, ngoko musani ukuNdikholelwa. Kodwa ukuba Ndenza imisebenzi kaBawo waM, iLizwi elindiqikelelela Mna ukuba ndiyenze, ngoko nina . . . Ukuba aninakho ukuNdikholelwa, kholelwani imisebenzi eNdiyenzayo, ukuze nibe nokusindiswa.” Yabona? Wathi uYesu, “Ezam izimvu ziyalazi iZwi laM. Ziyalazi iLizwi laM, ziyaLibona xa Lingqinelwa ukwenzela esa sigaba.”

186 “Kuhle, uKayafa wayelazi iLizwi naye!” Kodwa hayi iLizwi l*esa* sigaba. Wayenelizwi loko abaFarisi bakufake kuye, kodwa hayi elingqinelweyo iLizwi leyure.

187 “Ziyalazi iZwi laM, ziyawazi umqondiso waM, ziyawazi ummangaliso waM.” Njani ngoku, u . . .

188 Owu, masibuyele kwisiqendwana sethu, kuba sizakuphosa okuninzi kwesi Sibhalo ukuba asenzi njalo, kuba ndifanele ndivale kwimizuzu embalwa ezayo kakade, kuba izakuba yintsimbi yeshumi kwimizuzu embalwa. NdiyaMthanda.

189 Zihlobo, nina bantu enihambe nehla ngala ndledlana naza nabeka laa mnikelo khona phaya kwixesha elidlulileyo; abantu abondle abantwana bam, babeke iimpahla kwimihlana yabo; abantu ababeka imali yenu (eniyizuze kanzima) kwisitya somnikelo, niyayazi apho okuya kuya khona? Oko kunceda ukundisa ngaphaya kweelwandle kubahedeni abangazange beve kwanto malunga noThixo. Koko endikwenzayo ngayo, yonke ipeni, uThixo nguMgwebi wam. Naba abanye bam . . . amadoda ahleli kanye apha ngoku aku—akugcino mali ebandla lam. Ndifumana ikhulu elinye leedola ngeveki, kwaye koko

konke; enye yonke iya ekuxumeni imihlangano yaphesheya kweelwandle apho bangenakuya khona.

190 Amabandla awasokuze andifune. Awandifuni. Hayi. Injalo lonto! Ngoku bandibiza: "Uyi . . . " Bathi, "Ungu 'Yesu Yedwa,' okanye uyinto ethile enjengaleya, okanye isiphambukisi esithile, umbaxi, nako konke njengokuya, u—uJezebhele." Kwaye ndi—ndikhangela okuya, bayibiza iNkosi yam, "Jezebhele," kwaye bambiza Yena . . . hayi uJezebhele, kodwa "uBhelezabhule." Bambiza Yena ngawo onke loo magama mabi. "Ukuba babiza uMphathi wendlu, 'Bhelezabhule,' kobekelaphi ukuba ngaphezulu bayakubiza bona abafundi Bakhe?" Ke oko akwenzi namahluko.

191 Kwaye nina ngokwenu, ngoncedo lukaThixo, nicinga bendiyakuma phezulu apha, umhanahanisi omkhulu, ndize ndinixelele into ethile . . . ? Okanye, bendingayi kuwa kanye emgceni kunye nento ukuba bendicinge ibisuka kuThixo?

192 Kodwa ukuba ndiyanithanda kwaye ndisazi ukuba yintoni iNyaniso . . . Ingaba nakhe nandiva ndisitsho nantoni na eGameni leNkosi kuphela oko kwenzekayo? Hayi. Ndibuza nabani. Kukho amawaka ezinto ebe zithethiwe, zonke zenzeka. Khumbulani ela xesha xa uSamuweli wabizwayo, ndiyakholwa yayililo, kwaye wathi . . . ? USirayeli wafuna ukuzenza afane nezizwe zonke. Yilonto nina maPentekoste aza kuyo. Nifuna ukwenza njengabantu bonke. Anililo ela hlobo lwabantu. Sukani kuyo. Amabandla amakhulu kunye nezinto ezinkulu ezilungileyo, Owu mzalwana, sukuyenza lonto. Sishumayela ukuza kweNkosi kusondele, masingeneni emasimini ezantsi phaya size sazise abahedeni. Yabona, yenza into malunga nayo.

193 Kodwa, niyabona, uSamuweli wathi, "Ingaba ngelinye ixesha ndathabatha nayiphi yemali yenu kuni ukwenzela ukuphila kwam?"

194 Bathi, "Hayi, Samuweli, akuzange wakwenza oko."

195 Bathi, "Ingaba ndakhe ndanixelela nantoni eGameni leNkosi kuphela oko kwenzekayo?"

196 "Owu, injalo lonto, Samuweli. Siyakukholelwa ungumprofeti uthunyelwe esuka kuThixo. Ewe, mhlekazi. Yonke into oyithethileyo yenzekile, Samuweli. Kodwa siyayifuna nakanjani." Uyabona okwenzekayo. Owu mzalwana, iSibhalo siyaqhubeka nje siZiphinda emva naphambili ngeSibhalo, kuba yindlela kaThixo yokuyenza, niyabona. Niyabona, ubetha ezintlobo zamaxesha.

197 Masibuyele kwisiqendwana sethu kwamsinyane. Ngoku, bendikho lonke elixesha, kwaye andikezi nakwisiqendwana sam okwakalonkunje.

198 Isentliziyweni yam! Ndiyanithanda! Sanukutshabalala nehlabathi! Ukuba ningabehlabathi, niyakutshabalala

nehlabathi. Ukuba ningabakaThixo, niyakuhamba kunye naYe eluvukweni. Ke guqulani imvelo yenu ngobu busuku ukusuka kuthando lwehlabathi kunye nezinto zehlabathi, kunye nazo zonke ezi mvumo nkolo nezinto, nize nijonge ngqo eKhalvari kwiDini lenu; hlanganani naYe phaya kulo mihlaba, kuba leyo kuphela kwendawo Ayakuze ahlangane nani. Yena . . .

199 AmaWisile athi, "Isebandleni lethu"; amaBhaptizi athi, kunye namaPentekoste, n*oku*, namaRhabe, n*oku*.

200 Kodwa Wathi, "Ndiyakuhlangana nabo kwindawo enye, iNdawo Endibeke iGama laM." Oko kukuYesu Kristu. Kulapho uThixo abeke iGama Lakhe. Leyo kuphela kweNdawo Ayakuhlangana nawe; kwaye nguKristu, liLizwi, omnye izolo . . . Ikhule ukusukela ezinyaweni, amathanga. Kwaye ngoku isentloko, ilungiselela ukuhamba; ukubonakalisa umlinganiselo ozeleyo uMtshakazi, njengokunye njengoMyeni.

201 Ngoku masiyeni kwisiqendwana sethu, kwamsinyane, okwamalunga neshumi lemizuzu, emva koko siyakuvala. Ngoku isiqendwana sethu, sonke siyakufuna ukusithathela ingqalelo. Yenzekile kwakhona, njengesiqendwana sethu, njengoko iqhele ukwenzeka.

202 UThixo uthumela umprofeti Wakhe njengoko Yena . . . ILizwi lithembise ngoMalaki 3, "Umthunywa Ndiyakumthumela phambi kobuso baM," ukwandulela ukuza Kwakhe.

203 Ngoku ukuba ufuna ukungqinela okuya, ukukuqondakalisa, uMateyu, isahluko se-11, singqinela okwakunye. Xa abafundi bakaYohane baya ngaphaya baza babona uYesu, bathi, "UYohane usentolongweni." Bathi, "Size kuWe ukuza kubuza okokuba yena . . . "

204 Imehlo likaYohane lokhozi laligutyungelwe. Kwaye wayesentolongweni, wayelungiselela ukufa; wathi, "Hambani niye kumbuza Yena."

205 Yabona, uYohane wathi, "Owu, umyazi Wakhe wokwela usesandleni Sakhe, Uyakusicokisa kuthi tu isando Sakhe." Wayecinga ukuba iMillennium iyakuqalisa kanye ngoko, wayecinga ukhozo lalilungele. Kodwa kwakufuneka life lize liye edizeni, linyuke kwakhona ukwenza uMtshakazi wenyaniso. Ke wathi, "Uyakubuthela kuvimba ingqolowa Yakhe, aze Atshise, umlilo." Qwalasela lowa—lowa umanduleli kaKristu *kwesa* sigaba, athe wakuthetha kuyakwenzeka. "Ukhozo . . . "

206 Kwaye ndiyathemba anilelanga. Ukhozo lulapha! Luyakubuthelwa kuvimba. YayingulaMtshakazi, la nxalenye yawo. Kodwa yintoni Ayitshiloyo eyakwenzeka kwela diza? Liyakutshiswa ngongacimiyo umlilo. Funani usindiso ngoku ngelixa nisenakho. Yibani lukhozo, hayi idiza. Yabona? Yiyani eBomini, hayi kwesidala esifileyo isimo; yiyani kuBomi bukaKristu, iLizwi libonakalisiwe, i . . . libonakalisiwe kwaye

langqinelwa linjalo. Eli li—eli lixesha lokubuthelwa, umatshini wokubhula uyeza. Kungcono ukungena kukhozo, kuba ikhasi lizakushiywa ngasemva.

207 Ngoku, siyafumanisa ukuba yenzeka, uYesu . . . Ukugqiba ukucaphula kwam apha, lo Mateyu 11. Yabona, Akazange anike uYohane . . . Wathi, "Ngoku, linda, ndiyakunika uYohane incwadi yendlela yokuziphatha, *Ikholwa Entolongweni.*" Hayi! Wathi, "Yimani apha nibukele okwenzekayo. Buyelani emva nize nibonise uYohane okwenzekayo: iziqhwala ziyahamba, imfama ziyabona, abafileyo bayavuswa, kwaye iVangeli ishunyayelwa kumahlwempu." Kanye ngokuchanekileyo oko umprofeti athe kuyakwenzeka. "Kwaye usikelelwe wena ongakhubekiyo kuM."

208 Kwaye abafundi bakhe baqalisa ukuwela induli, Waguquka, wathi, "Yintoni enahambayo naya kuyibona xa naya kubona uYohane? Ingaba naya kubona indoda ezihombise ngezithambileyo iingubo, nanjalo njalo, abaguqule iikhola, nako konke oku, niyazi?" Wathi, "Bakumabhotwe ookumkani, baphuza iintsana baze bangcwabe abafileyo, akakwazi kunjani ukubamba elibanjwa ngezandla zozibini ikrele." Yabona? Wathi, "Yintoni enaya kuyibona? I—ingcongolo eshukunyiswa nangowuphi umoya?" ("Yiza, Yohane, ndiyakukuninika eninzi imali ukuba uza ngapha." "Kuhle, makasikelelwe uThixo, andisengomWisile, ndiyakuba ngumPentekoste, ndiyakuba ngumRhabe, ndiyakuba yi*le*, e*ngenye*, okoko kusekho imali eninzi.") Wathi, "Anizange niyekubona ingcongolo ishukunyiswa ngumoya." Wathi, "Yintoni enahamba naya kuyibona phaya, umprofeti?" Wathi, "Ewe, kwaye ongaphezulu komprofeti."

209 UYohane wayesandula nje ukunika esona siphantsi isikhahlelo awayenokusenza kuYesu. Wayesazi ukuba ifanele ize ngala ndlela. Waze nje waMbuza emveni kokumazisa Yena kwaye ebone laMqondiso phezu Kwakhe, wathi, "Lona *ngu*Mesiya," emva koko uyeza abuze, "Ingaba unguYe, okanye masikhangele ongomnye?"

210 Kodwa, khangela, uYesu wayekwazi oko, Waguquka wamnika isikhahlelo, wathi, "Yintoni enahambayo naya kuyibona, ingcongolo eshukunyiswa ngumoya?" Wathi, "Akuzange kubekho indoda ezalwa ngumfazi inkulu kunoYohane, de kube ngulo mhla." Injalo lonto! Esinjani isincomo ukunika indoda!

211 Kodwa, niyabona, naso sasilapho, isiprofeto sasizalisekisiwe kanye phambi kobuso babo, kunye nomanduleli esiza, kanye oko uMalaki akutshiloyo. Ngoku, lowo nguMalaki 3, hayi Malaki 4.

212 UYohane umBhaptizi wayenguMalaki 3, uYesu watsho njalo. Xa babembuza, Yena, "Kutheni ababhali besithi . . . "

Wathi, "Selefikile. Benza oko bakutshoyo."

213 Kodwa, khumbulani, uMalaki 4, ngokukhawuleza emva komprofeti kaMalaki 4, ukuza kwesine kukaYohane umBhaptizi, okanye, i . . . kuka Eliya, ukuza kwesihlanu kuyakuba ngawesiSityhilelo amabini, amangqina, xa esizela laantsalela yamaYuda. Kodwa uThixo usebenzise laa Moya omnye amatyeli amahlanu: ubabalo, Y-e-s-u [NgesiNgesi: J-e-s-u-s. Mguq.], ibe inguYesu lonke ixesha; ukholo [f-a-i-t-h], ubabalo [g-r-a-c-e], nanjalo njalo. Niyabona? Inani isihlanu linani lobabalo kwaye Walisebenzisa. Akayi kulisebenzisa nje kathathu, akayi kulisebenzisa nje kabini, kathathu, kane. Ngamatyeli amahlanu Alisebenzise ngawo.

214 Ngoku, qaphela ngokukhawuleza ngoku, njengoko sigqiba. Wathi, "Lona nguye othethiweyo, 'Ndithumela umthunywa waM phambi kobuso baM.'"

215 Kodwa kuMalaki 4, ngokukhawuleza emva kwa*la* mprofeti, umhlaba wonke uyakutshiswa, kwaye amalungisa aphume ahambe phezu kothuthu lwabangendawo. Yabona? Ngokuchanekileyo! Yabona, eso sisiprofeto sikaMalaki 4.

216 Kwaye qaphela kuLuka17, apho Wathi, "Kwimihla yokugqibela, iyakuba njengeSodom neGomora kwakhona." Ingaba siyifumene? Sifumene iSodom neGomora kwakhona? Izizwe zonke, khangela kuso. Khangela koko asandula kukutsho malunga neNgilane, into yonke igqwethekile. Nkqu nokutya kugqwethekile. Kwaye jonga apha oko inzululwazi . . . Niyabona kwi*Reader's Digest*, ndiyakholwa yinyanga ephelileyo, batsho, "Amakhwenkwe namantombazana amancinci angena kumbindi wobudala phakathi kwamashumi amabini namashumi amabini anesihlanu eminyaka ubudala." Ndihlangana nabo emhlanganweni, amantombi amancinci egqithile ukuya exesheni, namashumi amabini, amashumi amabini anesibini eminyaka ubudala, ekugqitheni ekuyeni exesheni. Inikelwe entweni? Ukugqwetheka, ukuxutyaniswa. Yilonto kanye eyonakalisayo, into yonke yonakalisa umzimba. Thina siyimbutyulelo ye—ye . . . nje ngesityalo esixutyiweyo.

217 Uthabatha isityalo esixutyiweyo uze usibeke phaya, yonke intsholongwane iyakubalekela kuso ngqo. Kodwa esoqobo, esemvelo isityalo, intsholongwana iyakusuka kuso, ayinakumelana naso. Kwaye yilonto eyingxaki nebandla, silixubile.

218 Yilonto yayiyingxaki nehashe elidala likaPearry Green, phezulu apha, layiwisa laa nkwenkwe ngenye imini, aliyonto kodwa imbaleki yesiqingathana sehashe. Yabona? Kuphela kwento eliyiyo, lona . . . Linje kanye ngemeyile, liyi—liyi . . . imeyile ayazi ngubani utata okanye umama wayo, ayazi nto; lisisiqingatha semeyile nesiqingatha sehashe; nesiqingatha *soku* nedonki; ayiyazi yona into eyi . . . Akunakuze . . . Iyakulinda ubomi bayo bonke ukuze ibenakho ukukukhaba. Injalo

lonto! Ungayibiza, uthi, "Yiza, nkwenkwe. Yiza, nkwenkwe." Iyakuphakamisela phezulu iindlebe zayo, kwaye, "Haw! Haw! Haw!" Yabona?

219 Njengabo aba bathi "Imihla yemimangaliso igqithile, Haw! Haw! Haw!" aba baziziqingatha zokuxutywa, bafanele babe ngamalungu ebandla namaKristu. Andikutsho oko ukwenzela isiqhulo, kodwa yiNyaniso. Kodwa owenene, ozelwe ngokucokiseka, umzalwana, uyayazi yayingubani uyise, yayingubani unina, ngubani uyisemkhulu, yayingubani uninakhulu, ungamfundisa into, ulinene.

220 Kwaye umKristu wenene ozelwe ngoMoya oyiNgcwele waze wazaliswa ngamandla kaThixo neLizwi, uyazi ngubani uyise, ngubani unina, ngubani uyisemkhulu, yayingubani uninakhulu, liyazi konke malunga naYo. Ungamfundisa into.

221 Kodwa isiqingatha sokuzalwa, oko koko kuza emabandleni. Umxube phakathi kwehlabathi nombutho wenkolo, nokubeka okuncinci kweLizwi kuyo *apha*, iLizwi elincinci *phaya*, nje okwaneleyo ukukhohlisa. Injalo. Xa ubona iLizwi lenene likaThixo libonakaliswa njengoKayafa kunye nabo benzayo, besuka bemka kuLo, abayazi. Abaxutywa!

222 Ngoku siyafumanisa, kwaye kulo myalezo, u-Isaya 40:3 naye ungqinela uYohane. Wathi, "Ilizwi lalowo, umprofeti, ememeza entlango, 'Lungisani indlela yeNkosi, yenzani indlela yaYo ithi tye.'" Ibandla alizange limkholelwe, kuba wayengengowaqela labo. Laa mprofeti wakhuliselwa entlango, wenyuka engazi mntu. Waye ekwa naloo Moya awathi u-Eliya wanawo: wayeyindoda yentlango, wayebathiyile abafazi abaziphethe kakubi.

223 Khumbulani indlela u-Eliya . . . Yintoni eyabangela intloko yakhe isuswe kuye? YayinguJezebhele. UJezebhele yayingunobangela wokufa kwakhe. Yamsa entlango.

224 UYohane umBhaptizi, omnye umthandi wentlango, umzingeli, usomahlathi. Qwalasela eyakhe . . . Ubeyaku . . . wayengenamfundo. Qwalasela esakhe—esakhe isiqendwana, sasingafani nowemfundo yenkolo. Wathi, "Owu nzala ndini yamarhamba!" Eyona nto ingcole kakhulu unokuyifumana entlango, umchwechwi, yayiyi—yayiyinyoka. Kwaye wababiza abo babingeleli, "Nzala ndini yamarhamba! Ngubani onilumkisileyo ukuba nibaleke ingqumbo ezayo? Ningaqalisi ukuthi, 'Singaba k*oku*, kwaye sinako *oku* okanye *okuya*,' kuba ndithi kuni, uThixo unakho kula matye," intlango. Kananjalo, "Izembe" (oko wayekusebenzisa) "libekwe engcanjini yomthi; kwaye wonke umthi ongavelisi siqhamo silungileyo, uyakugawulwa ulahlelwe emlilweni." Amen.

225 Wayengumshumayeli wendalo. Indoda enkulu kaThixo, yaphila ixesha elifutshane, kodwa ngokuqinisekileyo wabeka idangatye ekunqumlezeni umhlaba. Wasothusa esa sizukulwane

kweza nyanga zintandathu zolungiselelo lwakhe. UThixo wamvusela amashumi amathathu eminyaka, ukufumana esa sithandathu seenyanga kuye. Kodwa uThixo wenza indlela eyeYakhe Yena, Uyayazi yintoni isivuno Sakhe.

226 Kwaye siyafumanisa ngoku ukuba oko ngokuchanekileyo koko kwenzekileyo. Abazange bamkholwe yena, ngokuba wayengengowabo. Abazange. Benza ngokuqhelekileyo, abazange baLibone. Abazange balikholelwe iLizwi likaThixo likaMalaki 3, okanye ngebabebone ngokucacileyo, ngombhalo, okokuba lowo yayingula manduleli. Babengakhange babenaye umprofeti iminyaka emakhulu mane, kwaye apha omnye uyavela embonakalweni konke ngesiquphe. Yabona? Kwaye abantu, amakholwa, amkholelwa yena okokuba ukokuya. Yabona, abazange baLikholelwe. Abazange bakholwe, kuba xa babona umbhalo uqinisekisiwe ngokupheleleyo, oko Wakutshoyo Uyakukwenza, nayo yonke into, baze baLibone ngokucacileyo lingqinelwe xa iLizwi lisiza kanye emanzini kumprofeti. Phaya bema.

227 Kukho okuninzi ukuxoxa kwesa Sibhalo phaya malunga noYohane. Yabona, wathi uYohane, "Ndinesidingo sokubhaptizwa nguWe, kwaye kutheni usiza kum Wena?"

228 Wathi uYesu, "Vuma oko kubenjalo, kuba . . . kodwa kusifanele thina, ukusifanele thina (ukufanela) oko sikuzalisekise. Kulungile, Yohane, wena ekubeni ungumprofeti, uyayazi idini lifanelwe lihlanjwe ngaphambi linikezelwe. Kwaye Mna ndilelaDini, kwaye wena ungumprofeti kwaye ukwazi oko." Waza wamvumela waza wambhaptiza Yena. Yabona? Kwaye wayazi yayinjalo.

229 Khangela, bamhleka, bambiza "ondlongondlongo, okhwazayo, ongafundanga umbaxi," ngokuqhelekileyo, laa mprofeti esandulela ukuza kokuqala kukaYesu.

230 Andikutsho ukuba babe . . . abanakulinganisa okunye ko—kokwenene namhlanje. Banako, bona ngokuqinisekileyo. Kodwa, khumbulani, apho ubona umgunyathi wedola kufanele kubekho eyenene idola eyenziwe ngokusuka kuyo. Apho ubona omnye elinganisa ukuba ngumKristu, kufanele kubekho umKristu wenene ndaweni ithile; ngokuba, ukuba ibingayikuba njalo, *oko* beyakuba ngokwemvelo. Kufanele ufike kokwemvelo. Kodwa hlola eyokuqala, uze ubone ukuba okwemvelo kuthe ngqo kunye nesithembiso. Ukuba injalo, ngoko kholwa liLo: isithembiso sesigaba.

231 Ngoko isiprofeto sikaYohane sangqinelwa kucwangco lukaThixo. ILizwi leza kumprofeti laza lamngqinela yena ngokunyanisekileyo njenga la mntu.

232 Kwakhona uYesu wangena kwi . . . ngokwahlukileyo ekuqondeni kwabo ngesa siprofeto. BabengaLiqondi ngala ndlela. (Ngoku, sehlela esiphelweni ngoku.) Kodwa

ngokweLizwi lomprofeti, Lalizalisekisiwe lonke. Isiprofeto sizalisekisiwe; kodwa indlela abacinga Liyakubanjalo, Lalingeyiyo loo ndlela. Ngoku, bangathini ukuqonda baze bazi kokuphi okulungileyo okanye okungalunganga? Ukubona ukuba yayingqinelwe nguThixo, ukuba yayinguThixo etolika oko Akutshiloyo. Kwakukhona ooYesu bobuxoki ababevelile, baze bakhokele abantu. . .igquba lamakhulu amane, ngaphandle entlango nezinto; kodwa akazange abonakalise ukuzenza yena eLizwini, niyabona, njengoko Watshoyo.

233 UYesu, xa Wezayo, Wayemele abe ngumProfeti. Injalo lonto! Kwaye namhlanje, ngaphambi kokuza kukaYesu kwakhona, ukubonakaliswa okuzeleyo koMntu kaYesu Kristu kufanele kubonakaliswe enyameni. Yicinge lonto! Wathi uYesu, "Njengoko kwabanjalo ngemihla yaseSodom, kuyakubanjalo ekuzeni koNyana womntu, xa uNyana womntu etyhilwa." Yintoni *ukutyhilwa*? "Ukucombulula, ukwaziswa." Imfihlelo iziswe ngaphambili, ityhiliwe. Kumhla ayakuthi uNyana womntu atyhilwe khona, ihlabathi liyakuba kwimeko yeSodom. Siyifumene, asinjalo? Ehe! Bangaphi abakholwayo oko? Likwimeko yaseSodom. Injalo ngqo lonto! Khangela apho ikhoyo, ngoku.

234 Khumbulani, kwasoloko kukho amaqela amathathu abantu kulo lonke igquba labantu obahlanganisayo, oko kukuthi, amakholwa okuzenzisa, abangakholwayo, namakholwa. Sinabo kulo lonke iqela. Babanawo kulo lonke ixesha. Kwakukho amaSodomi, kwakukho—kwakukho amaLote, kwaye kwakukho u-Abraham.

235 I-Abraham lalingelibizwe lakhutshwa iqela, wayengekho eSodom into yokuqala. Ngoku qwalasela uMyalezo wabo! Babekhangela unyana wesithembiso, bamkhangela iminyaka. UThixo wayembonisile u-Abraham imiqondiso emininzi emikhulu nemimangaliso, kodwa apha uThixo wehla ngoKwakhe njengendoda!

236 Uthi, "Leyo yayiyiNgelosi."

237 U-Abraham wambiza Yena, "Nkosi," unobumba omkhulu N-k-o-s-i. Nawuphi umfundi weBhayibhile uyayazi ukuba laa nobumba mkhulu N-k-o-s-i ngu Elohim. "Ekuqalekeni uThixo," UNkosi Thixo, Elohim, Okukwanela konke. U-Abraham wambiza Yena, "Nkosi Thixo, Elohim."

238 Ngoku qaphela, kwakukho abantu ababini abehlayo baya eSodom kunye nomyalezo, kwaye bashumayela kumaSodomi. Abazange benze nto, kodwa babamfamekisa; ntoleyo, ukushumayela iVangeli kuyammfamekisa ongakholwayo.

239 Kodwa qwalasela hlobo luni lomqondiso iqela lika Abraham elawamkelayo!

240 Ngoku, sifanele sibe yiMbewu ka-Abraham yasebukhosini, u-Isake wayeyimbewu ngokwendalo. Kodwa iMbewu yokholo,

ukholo kwiLizwi elithenjisiweyo, iLizwi *elithenjisiweyo* (Sukuyiphosa.) yayiyilaMbewu yasebukhosini; leyo yayiyiMbewu, ukholo luka Abraham. "Thina ekubeni sifile kuKristu, siyiMbewu ka Abraham, indlalifa kunye naye ngokwedinga."

241 Qaphela xa konke oko kwakusenzeka, ezantsi eSodom kwakukho abalungiseleli ababini ezantsi phaya beshumayela ngomyalezo omkhulu.

242 Kwakukho Omnye ehleli phezulu apha kunye neqela lika Abraham engabhanxi nelaqela ezantsi phaya. Ngoku qwalasela Omnye owahlalayo kunye neqela lika Abraham, hlobo luni lomqondiso Awabanika wona. Wathi . . . Ngoku, khumbulani, igama lakhe lalingu Abram kwiintsuku ezimbalwa phambi koko; kwaye ngu S-a-r-r-a, hayi S-a-r-a-h (inkosazana). Kwaye le Ndoda, inomhlana waYo ujikelwe ententeni . . .

243 Abafazi ngoko babehlukile kwabangabo ngoku. Kwakufanele baphume baze bafumane umcimbi womyeni kunye nento yonke engenye, niyazi. Kodwa babengayenzi ngelo xesha; babehlala ngasemva emva.

244 Ke bona . . . Ke iNgelosi ihleli phaya, uMthunywa, kwaye Wathi, "Abraham, uphi umfazi wakho (S-a-r-a-h) uSarah?" Wayazi njani Yena? Wayazi njani Yena?

245 Wathi u-Abraham, "Usententeni emva Kwakho."

246 Wathi, "Ndizakukutyelela ngokwexesha endikuthembise lona. Ndizakukutyelela." Kwaye uSarah ngahlobo luthile wahleka kuye.

247 Ngomhlana Wakhe ententeni, Wathi, "Kutheni uSarah ehleka, esithi, 'Zingathini ezi zinto ukwenzeka?'" Ukuba wayengekho ku Abraham, umtshakazi wakhe ngela xesha, uThixo ngewayembulele. Ke singanjalo nathi namhlanje kunye nako konke ukungakholwa kwethu, ukuba besingekho kuKristu. Oko kusibamba kanye phaya, yabona. Wayengenakho ukumvisa buhlungu okanye wayengenakumthabatha uSarah ngaphandleni kokuvisa ubuhlungu u-Abraham. Yabona?

248 Kwaye ke khumbula, uYesu wathi, "Njengoko kwabanjalo ngemihla yeSodom, kuyakubanjalo ekuzeni koNyana womntu." Siyabona, wonke umntu uyakuvumelana, okokuba ihlabathi likwimeko yaseSodom. Ndichole iphepha lase Los Angeles apha kungekudala, laza lathi, ndicinga yiyo, "Ubutalasi kusekwandeni kwamashumi amabini okanye amathathu epesenti eLos Angeles, nyaka ngamnye kwanda kangako." Yiyo . . . Owu, imbi kakhulu! Kurhulumente wethu nakwindawo yonke, yonke into nje iyagqwetheka. Injalo lonto! Into yonke, inkqubo yonke, ibandla nento yonke engenye igqwethekile. Ikwisigaba esigqwethekileyo.

249 Ngoku ndifuna ukunibuza into ethile nina bafundele inkolo, babazalwana bam. Hayi ukuba ndithetha ngokuchasene nani, mzalwana wam othandekayo; ndilapha ukukunceda, mzalwana. Ndilapha ukuma koko iLizwi likaThixo lithi kulungile, ukubamba isandla sakho ndize ndikhuphe esi sihlwele sabantu kulento. Injalo!

250 Kodwa jonga apha, asizange sibe nomthunywa eSodom ngaphambi kokuya igama lakhe laphela ngo h-a-m kude kube ngoku. Siye saba noSpurgeon, uWesley, uLuther, nayo yonke into engenye, kodwa zange kwihlabathi kubekho umthunywa othe igama lakhe laphela ngo h-a-m, ngaphambili. Injalo lonto! Yabona, G-r-a-h-a-m, onobumba abathandathu, G-r-a-h-a-m, Billy Graham; lowa uqwalaselekayo umvangeli, umsebenzi omkhulu kaThixo, indoda ithunywe isuka kuThixo. Wenze olwangcwaliseko lwagqibelela kakhulu, de ashukumise isizwe ngalo, yabona, ngolwa hlobo. Akukho . . .

251 Jonga ku Oral Roberts kwihlelo lobuPentekoste. Kunini apho kwakhe kwakho onjeya ngalowa?

252 Onobumba abathandathu, hayi isixhenxe. U-Abraham ngu A-b-r-a-h-a-m, isixhenxe. Billy Graham ngu G-r-a-h-a-m, isithandathu.

253 Ngoku jonga kubathunywa. Jonga kwela xesha silihleliyo, zange kubekho xesha kwimbali. Jonga kwimiqondiso ekwaminye athe Wayithembisa eyakunikwa kwiqela ngalinye. Jonga apho bakhoyo. Okunye, ngokuchanekileyo, ngokwasendaweni, bebekwe ngocwangco. Indalo, ihlabathi, yonke into, ihleli kakuhle ngokuchanekileyo kwixesha.

254 Ngoku sanukuyiphosa, ngelixesha sizoba sonke esi Sibhalo. Ngokukhawuleza ngoku, kuba ndinigcine ithuba elide. Biza . . . Jonga apha. Kwaye ngokomprofeti, weza nje ngokuchanekileyo eLizwini, nje ngokuchanekileyo exesheni.

255 Ngoku jonga kwisigaba ngoku apho siphila kuso. Asiphili kanye phaya kwixesha laseSodom? Qwalasela umthunywa kwiqela lika Abraham. Qwalasela amanani, onobumba, nokubalwa kwegama lakhe. Uthi, "Akukho nto egameni." Ungaze uvumele nabani akuxelele oko. Kwakutheni Waguqula igama lika Abram, ukuya ku Abraham, Sarra ukuya Sarah? Kwakutheni Waguqula uSimon ukuya kuPetros, nabo bonke abo bangabanye? Yabona? Ngokuqinisekileyo iyiyo. Ngokuchanekileyo!

256 Eso sisizathu ndisithi ningayenzi, ungaze ubize umntwana wakho "uRicky," okanye "uElvis," okanye into ethile. U-*Elvis* uthetha i "kati," u*Ricky* yi "mpuku." Yabona, xa usithi . . . Oko kulungile ngokuchanekileyo. "Les," okanye into ethile, ungaze ubize omnye womntwana wakho . . . bantwana oko. Ukuba injalo, liguquleni ngokukhawuleza, bantu. Sukuyenza . . . Nina oko . . . Ukuba niyandikholwa ukuba ndisisicaka sikaThixo,

sanukuncamathisela elagama kwela sizi lomntwana. Yabona? Hayi, mhlekazi, mnike elinye igama ngaphandle kokuya. Bethu! Andifanele ndiphume kokuya, kuba ndiphumile kwisifundo sam, kodwa ndikutshilo kwaye igqityiwe. Mna . . . Yiloo ndlela oyenza ngayo, akwazi xa uyitshoyo. Yabona?

257 Bambiza Yena, "Mphambukeli, umvumisi, idemoni, uBhelezabhule," baze bathi, "Uzenza Yena uThixo." Owu, bethu!

258 Akatshongo na u-Isaya umprofeti, "Uyakubizwa uThixo uSomandla"? U-Isaya 9:6, "Sizalelwe uMntwana, sinikwe uNyana, kwaye ukulawula kuyakuba sesixhantini Sakhe, kwaye iGama Lakhe liyakubizwa uMcebisi, iNkosana yoXolo, uThixo uSomandla, uBawo kanaphakade." Injalo lonto! Ngokunjalo, uYohane oNgcwele 1:1, "Ekuqalekeni ube ekho uLizwi, kwaye uLizwi ube ekuye uThixo, kwaye uLizwi enguThixo. Kwaye uLizwi wenziwa inyama wahlala phakathi kwethu." Niyayikholwa lonto? Wayengeyiyo nje . . . Waye engumProfeti, kodwa Waye engaphezulu komprofeti; WayenguThixo-mProfeti. Kutheni kwafuneka Eze?

259 Khumbulani, Uza ngamagama oonyana amathathu. Weza kuqala egameni loNyana womntu. Akazange Azibize u "Nyana kaThixo." Niyakwazi oko. Yabona, Weza ngoNyana womntu, umProfeti. UYehova ngoKwakhe, uYise, wambiza uYeremiya, "nyana womntu"; umprofeti ngunyana womntu. Yena uza . . .

260 Ngoku Uyeza, emva koMhla wePentekost, Uyabuya ekwimo yoMoya oyiNgcwele, uMoya ongaphezu kwendalo. Ngoku Yena nguNyana kaThixo.

261 KwiMillennium Uyakuba nguNyana kaDavide, ehleli phezu kwetrone kaDavide. Yabona, Uza e . . . UnguNyana kaThixo, uNyana womntu, uNyana kaDavide.

262 Owu, iBhayibhile izele ngala magaqa. Asinakuwafumana bonke ngobusuku obunye. Kodwa ifanele nje ukubeka oku ngoku. Ungomso mhlawumbi angangaze ase. Singanduluka ngaphambi kongomso. Ndingabe ndishumayela kumntu oyakube efile ngaphambi kwentsasa. Ndinganduluka ngaphambi kwentsasa. Mzalwana, dade, oko asiyontsomi, oko yinene yenyani! Asilazi leliphi ixesha esihamba ngalo, kwaye akusayi kuba nathuba emva kokwa kuphefumla kokugqibela kushiya umzimba wakho. Lungisa ngoku, sukulindela kude kube kusasa, mhlawumbi kungaba semva kwexesha.

263 Qaphela ngoku, babenze kuYe kanye nje oko abaprofeti bathe bayakukwenza, nje ngendlela abenza ngayo kulo mhla weSigaba saseLawodike. Ukuba ufuna ukujonga kuyo, funda Isityhilelo 3, "Siyimfama, size, kwaye singazi. Yala uKristu . . . " Xa Eqalisa ukuzityhila Yena kule mo yembewu kwakhona, okwamnye owangena emhlabeni uyabuya ukuba abe nguMtshakazi; nje uMtshakazi noMyeni, yinyama ekwanye

negazi, ulungiselelo olukwalinye, izinto ezikwanye, zisenza ngokuchanekileyo oko Wakwenzayo; uMoya.

264 Kwaye apha bayalinganisa kwaye besenza yonke into engenye, kwaye ngamnye unencwadi yakhe kwaye ebaleka, kunye n*oku*. Owu, akuzange uve enjeya imizwa. Kwaye, ukujojisa, ukujojisa, "Ndinukisa umtyholi ngoku." Konke *oku*, *okuya*, nje ngokungekho sibhalweni njengoko inokuba njalo!

265 Kwaye into yenene ileli kanye phaya phambi kwabo, bayahamba bemke, "Abangabombutho wam." Bethu, bethu, nje, yabona, nje imfama ikhokela imfama. Abayi kuwela emngxunyeni bonke? Bemfamekisiwe zizithethe zamadoda amahlelo, bamkhuphela ngaphandle Yena ebandleni labo njengoko uThixo athe bayakwenza, kwiSityhilelo 3; njengesiqhelo, njengoko kuprofetiwe.

266 Qaphela indlela uYesu wakhe-. . . Wazazisa ngayo kwaba bafundi, ngoku, kwaye siyakuvala. Aba bafundi babini, uKayafa . . . uKleyopa, gxebe, nomhlobo wakhe. Ngoku, siseluvukweni, intsasa emva kovuko, uvuko lokuqala; enjani ukubantle intsasa, uYesu uvukile ekufeni kwaye ephila phakathi kwabantu Bakhe. Enjani ukubantle ingcinga!

267 Ulapha ngokufanayo namhlanje njengoko Wayenjalo ngalaa mhla, ngokuba Ukwamnye izolo, namhlanje, naphak-. . . Kwaye Ezityhila ngokungaphezulu namhlanje kunokuba Wenzayo nakwesiphi esinye isigaba kusukela ngalaa mhla; ize ngengqolowa nediza nekhasi (iyonke igqithile ngoku), sikwingqolowa kwakhona. Yabona, sibuyele emva kukhozo.

268 Yaziwa nge . . . yazi . . . Qwalasela indlela Awazazisa ngaYo kwaba bantu, ngoku, khumbulani, njengoMesiya wabo (kanye nje ngaphambi kokuba sivale) weLizwi elithenjisiweyo lesigaba. Qaphela! Wabonakala ku, kwi . . . njengoko Ebetshilo ukuba Uyakwenza, kubaprofeti. Qaphela, "Ziyatha, nabantliziyo zizeka kade ukukholwa ukuba konke abaprofeti abakubhalileyo ngaYe kufanele zizalisekiswe."

269 Mbukele Yena! Wabhekiselela kanye emva eLizwini likaThixo, Akazange aphumele elubala aze abaxelele bona, "Anindazi Mna? NdinguMesiya ovukileyo." Akazange akutsho oko. Yabona, Yena nje ubanika iSibhalo; njengoYohane wenzayo, nabo bonke babo. Yabona? Yena nje . . . Kwafuneka bakuchole oko ngokwabo. Kwakufuneka bazigwebele. Ngoku, ningalali, zigwebeleni.

270 "Ziyatha, abantliziyo zizeka kade ukukholelwa konke abathe abaprofeti kwenzeke." Esinjani isohlwayo kubo ababanga babemazi Yena.Yabona?

271 Qaphela indlela Awawuvelela ngayo umxholo. Akazange aphumele elubala, njengoko nditshilo kwimizuzu embalwa egqithileyo, waze wathi, "Kuhle, anazi na ndinguMesiya wenu wesi sigaba? Anikwazi oko kuba ndinguYe?" Isicaka

senene sikaThixo asisokuze sizazise ngalaa ndlela; iSibhalo siyamazisa ungubani. Ngokuqinisekileyo, uyakwenza. Kodwa wabizela umdla wabo koko abaprofeti bathe makujongwe kwisigaba sikaMesiya. Yayibona? Buyela kanye emva: "Ziyatha, abantliziyo zizeka kade, ukungakholelwa ukuba konke abaprofeti abakutshiloyo malunga noMesiya kufanele kwenzeke."

272 Yena, njengoYohane, wenza ukuba iLizwi leBhayibhile limazise Yena, into Awayeyiyo kubo. Oko kwakufanele kwaziswe kwacaca ngokwaneleyo. Ukuba iLizwi lalimazisile Yena, oko kwakufanele kucacile Ngubani isithembiso ababejonge kuso. Babeyazi waye . . . umntu othile kwakufanele eze embonakalweni ngela xesha.

273 Kutheni, Yena wathi, "Ngoku Mandinibonise oko iLizwi lithi kufanele kwenzeke kulo mhla."

274 Asindim, ngobu busuku, ndizama ukunixelela, iLizwi ngeLizwi (nkqu nakwindawo, indawo, amagama, amanani, yonke into engenye, kunye nayo yonke imiqondiso, amaxesha, nento yonke), okokuba silapha kanye esiphelweni sexesha? Ngokuqinisekileyo ningakubona oko ndithetha ngako. Yabona? Jongani! Oko kucace kakhulu kufanele ayidingi kuqondakaliswa kumbi. Wathi, xa Yena waye elapha emhlabeni, "Phengululani iZibhalo, kuZo nicinga ninoBomi obuNgunaphakade, Zona zi . . . Zingqina oko Mna ndikuko," yabona, "NdinguBani."

275 Qaphela, Waqalisa ngoMoses umprofeti, "Umprofeti . . ." IDetoronomi 18:15, ndiqwalasele iZibhalo apha, Detoronomi 18:15, wathi uMoses, "Inkosi uThixo wenu . . ."

276 Yabona, uThixo wathetha kuye kumphezulu wentaba. Kwaye, owu, bethu, ukududuma; bathi, "INkosi ma—mayi . . . Makuthethe uMoses, hayi uThixo, hleze sitshabalale."

277 Wathi, "Batsho kakuhle. Ndiya . . . Andiyi kuthetha kubo kwakhona ngoluhlobo, kodwa ndiyakubavusela umprofeti." Kwaye lowo ibengumyalezo Wakhe yonke indlela. Yilonto eyakulungisa yonke into ekugqibeleni. Ifanele nje ibenjalo, ngokuba iLizwi leNkosi lifanele lize kumprofeti. Kuphela kwento Elinokuza kuyo. Ukuba aliyenzi, yaphula iLizwi likaThixo kwaye imenze Yena axele into engalunganga. Yabona? Alisokuze liye esikolweni sakwalizwi. Liya kumprofeti. Kwaye umprofeti uthunywa esuka kuThixo, emiselwe. Kwaye wazi njani ukuba iyiyo, kwaye hayi oko indoda ekutshoyo . . .

278 Sibe nabo oo-Eliya, neengubo, nayo yonke into engenye, needyasi ezingenamikhono, nalo lonke uhlobo lobuvuvu, nokuya ekubeni ngumbutho nayo yonke into engenye.

279 Kodwa kuyakuza kulo mhlaba, ngesithembiso sikaThixo, esenene isicaka sikaThixo, esichongwe nguThixo (ngeLizwi Lakhe eliyimpendulo yale mini), oko kuyakubeka uMtshakazi

kucwangco (elincinci ngenene igcuntswana lebandla) kwaye kuLithabathe. Injalo lonto! Uyakwazisa, "Bonani, nanko Lowo ndithethe ngaye, yabona, oyakuza."

280 Kwaye konke oko abaprofeti bakuthethileyo malunga naYe, nangesi sigaba, kutheni ngokuqinisekileyo ibiyakunika umdla umva Yena ekutsho oko. Ubungethandi ukuba ubunokumva Yena ekutsho? "Konke abaprofeti abakuthethileyo malunga . . . " Khumbulani, Watsho oko abaprofeti babeyakutsho malunga naYe, ezicaphula Yena Buqu Bakhe, oko Akutshiloyo (kwaye waye Yena eliLizwi); ecaphula.

281 Ngoku masiphulaphule eMazwini Awawacaphulayo. Ungathanda ukuva oko Wakutshoyo kubo? Masithathe nje incoko yabo ngoku, nje phambi kokuba sime.

282 Ngoku, babexelelwe malunga nako konke okusandula kwenzeka kobethelelo emnqamlezweni, kwebali engcwabeni nengcwaba, nabafazi bambonile Yena, kwaye omnye wathi bambonile Yena, nanjalo njalo. Wathi . . . Bona—bona bamxelela Yena ngokuya. Kwaye Wahamba ngqo neLizwi malunga . . . ezicaphula Yena ngeLizwi:

"Ngoku jonga kuZakariya 12." (Kufanele wacaphula uZakariya 11:12.) "Kuba Wathengiswa ngamashumi amathathu amaqhosha esilivere. Ingaba yayingengoMesiya ofanele ukuthengiswa ngamashumi amathathu amaqhosha esilivere?

"KwiNdumiso 41:9, Wangcatshwa zizihlobo Zakhe. Yabona?

"UZakariya 13:7, washiywa ngabafundi Bakhe.

"KwiNdumiso 35:11, wamangalelwa ngamangqina obuxoki.

"Ngo Isaya 35:7, isimumu phambi kwabamangaleli Bakhe, akazange awuvule umlomo Wakhe." (Kulungile, mhlekazi.)

"U-Isaya 50:6, Watyakatywa.

"Indumiso 22—22, Wakhala emnqamlezweni, 'Thixo waM, UNdishiyelanina?' 'Onke amathambo am aNdijamele.' 'Bahlaba izandla zaM neenyawo zaM.'" (Jonga kwiziprofeto Awayenokuthetha ngazo!)

"U-Isaya 9:6, 'Sizalelwe uMntwana,' 'Intombi iyakumitha,'" Nanjalo njalo.

"Kwaye futhi kwiiNdumiso 22:18, ba—ba—babelana ngeengubo Zakhe.

"Ku Isaya 7:14, 'Intombi iyakumitha.'

"Iindimiso 22:78, mhlawumbi . . . kwahlekiswa ziintshaba Zakhe (Zakhe, kwakufanele zibe zizihlobo Zakhe), iintshaba Zakhe, ibandla.

"KwiiNdumiso 22 kwakhona, Yena wa . . . akwabakho thambo ekwafuneka laphulwe, kodwa bamhlaba izandla Zakhe neenyawo Zakhe.

"U-Isaya 53:12, wafa nezihange.

"Ku-Isaya 53:9, watyunyuzwa, waze wangcwatywa kunye nomzalwana osisityebi.

"KwiiNdumiso 16:10, Wavuswa ekufeni. UDavide watsho njalo, 'Andiyi kumyekele OwaM oNgcwele abone ukonakala, ndingayi kuwushiya nomphefumlo Wakhe esihogweni.' Wavuswa ekufeni.

"UMalaki 3, uYohane umBhaptizi wayengumanduleli Wakhe."

283 Kwaye yonke imifuziselo Awayenokuba waya kuyo! Nankqu ku Isake ekubeni engumfuziselo Wakhe phezu kweNtaba . . . phezu kwentaba apho uyise u-Abraham wamsa khona, kwi Genesis 22.

284 Kwakungoku apho baqalisayo ukubona Ngubani owazalisekisa ezi Zibhalo ezazithenjisiwe zala mhla. Kwakungoko, emveni kokubasemva kwexesha. Baqalisa ukubona, "Owu! Kulungile, linda umzuzu! Uyayazi yintoni?" Bayazi ngoko ukuba obebethelelwe uMhlobo wabo, uYesu, waye engulaa mProfeti owayethenjisiwe. Bayazi ngokuba . . . Yabona, babengaxelelwanga kweza Zibhalo.

285 "Kodwa, apha, zonke ezi zinto ezifanele ukwenzeka kulamnqamlezo, zonke ezi zinto. Ziyatha, abantliziyo zizeka kade ukuqonda konke abakuthethileyo abaprofeti; indlela ayakuthi uMesiya eve ngayo ubunzima, aze angene eluzukweni Lwakhe, aze avuke kusuku lwesithathu."

286 Futhi bahamba, "Owu, ehe. Oko kulungile. Ndithi Yena—Yena . . . Ingaba iintliziyo zethu bezingavuthi na ngaphakathi kwethu?" batsho. Akumangalisi iintliziyo zabo zavutha! Iziprofeto Awayezinikeza ezazizalisekisiwe.

287 Emva koko baqalisa ukuqonda ukuba uMhlobo wabo, iNdoda ababesitya nayo, bethetha nayo, bezibandakanya nayo, beloba nayo, belala emahlathini, okokuba okuya kwazalisekisa lonke iLizwi leyure yesithembiso! Nantso yayilapho. Babehambe iimayile ezintandathu, yakhangeleka ilixesha elifutshane kakhulu, ndiyacinga, kwaye babeve intshumayelo yeeyure ezintandathu kwesingqinelweyo isiprofeto (endana kancinci kunaleyo sinayo ngobubusuku, yabona). Kwakungoku ukuba semva kwexesha ngexesha langokuhlwa, iZikhanyiso zangokuhlwa zifikile.

288 Lixesha elinye ngoku, bandla! IZikhanyiso zangokuhlwa zifikile! AmaHebhere 13:8, "Ukwanguye izolo, namhlanje, naphakade." Owu, iziganeko zenziwe zacaca ngesiprofeto, ikwanye namhlanje. IZikhanyiso zangokuhlwa ezithenjiswe ngumprofeti kaThixo, kuZakariya 14:7, zinga kwakhona zingavulela amehlo ekholwa elinyanisekileyo kwiziganeko

ezenzekayo namhlanje, oko kubonakaliswe ziziprofeto okokuba sisekupheleni kwexesha. UYesu uyeza.

289 Elona . . . Iyi . . .

290 Wathi, "Kuyakubakho usuku elingayikubizwa ubusuku okanye imini." Wathi, "Kodwa ngokuhlwa iyakuba kukuKhanya." Ngoku, siyazi, ngokwejografi, ilanga liphuma empuma litshone entshona. Ngoku, umprofeti wathi, "Kuyakubakho ukutsala kwexesha eliyakuba luzizi, uhlobo lwe . . . alinakubizwa imini okanye ubusuku; luhlobo olumnyama, ithinzi lemini."

291 Ngoku, kuphi apho uNyana waphuma khona? Yintoni . . . Lowo yayinguN-y-a-n-a esithetha ngaye ngoku. Okokuba un-y-a-n-a wendalo uphuma empuma aze atshone entshona. UThixo okwamnye, okwamnye . . . *Ilanga*, gxebe. Kwaye uN-y-a-n-a kaThixo waphuma kuqala empuma, kubantu basempuma.

292 Kwaye ngoku emva kokuba Emkile, yintoni abayenzayo? Amakhulu amathathu eminyaka kamva, baqalisa umbutho wabo wokuqala, ibandla iRoman Catholic. NgeSigaba esiMnyama bahamba, kwaye baze baphuma. Yintoni abayenzayo? Into ekwanye. Ibe ilusuku lwe . . . Ayikhange ibizwe imini okanye ubusuku. Babenolungelelwano olwaneleyo, de bakholelwa ukuba waye eNguNyana kaThixo, baza bahamba ekukhanyeni ababenako, benza amabandla abo baza bakha izibhedlela nezikolo nanjalo njalo, nezikolo zakwalizwi, bathumela abantwana babo esikolweni.

293 Kodwa wathi umprofeti, "Iyakuba kukuKhanya kwakhona malunga nexesha langokuhlwa. UNyana uyakukroba kwakhona, iyakuba kukuKhanya." Intoni? UNyana (N-y-a-n-a) okwamnye owatyhilwayo enyameni kwixesha lakusasa, emva phaya, uyakutyhilwa kwakhona kwixesha langokuhlwa.

294 Ngoku thelekisa uLuka oNgcwele 17:30, "Kwaye kulaa mhla, njengoko kwabanjalo ngemihla yeSodom, ubume behlabathi, kwixesha apho uNyana womntu etyhilwa."

Kuyakubakho ukuKhanya malunga nexesha langokuhlwa,
Indlela eya eLuzukweni uyakuyifumana ngenene.

295 Owu, bethu! Bantu, kuphi apho sikhoyo?

Izizwe ziyaphuka, uSirayeli uyavuka,
Imiqondiso abathi abaprofeti bayichaza ngaphambili;
Imihla yeNtlanga ibaliwe, neentlungu zigubungele; (Mbukele etyibilikela elwandle!)
Buyelani, Owu bachithiweyo, kowenu.

Umhla wentlangula ukufuphi,
Iintliziyo zabantu ziyohluleka kukoyika;
Zaliswani ngoMoya, yibani nezibane zenu zichetyiwe zacaca,
Jonga phezulu! intlangulo yenu ikufuphi. (Kugcono wenze.)

296 Mzalwana, dade, lixesha eloyikekayo. Qwalasela izinto eziprofetiweyo, qwalasela izinto zisenzeka. Qwalasela sonke isiprofeto sizaliseka, emva koko sibona konke oku okumalunga nako. Asiyomfumba yomcwe wobaxo. NguThixo eqinisekisa iLizwi Lakhe ngokuchanekileyo, ngokuchanekileyo. ILitye libethiwe, zihlobo, balekelani kuLo ngokukhawuleza eninokuba nakho. Isiprofeto singqinela umhla esiphila kuwo.

297 Masithobiseni iintloko zethu. [Umzalwana uthetha olunye ulwimi. Udade unika utoliko. Umzalwana eqongeni uthi, "Singabambelela nje okomzuzwana? UThixo uthethile nathi ngoMzalwana uBranham, kwaye intambiso ikuMzalwana uBranham, kwaye akakagqibi. Kwaye . . ." Indawo engananto eteyiphini—Mhl.]

298 Thixo Othandekayo! Ingaba niyaluqonda usuku esiphila kulo, zihlobo? Unganakho ukuphikisa uThixo? Ungakutsho ukuba "Akalungisanga," ngelixa eLiqondakalisileyo? Yena Ungumtoliki ongoWakhe. Niyafuna na ukumkhonza Yena?

Ngoku ngeentloko zenu ziqutyudiwe, kunye neentliziyo zenu ziqutyudiwe, mzalwana, dade.

299 Eli lingaba lityeli lokugqibela lokuhlangana kwethu. Singangabinakho kwaphela . . . Ukuba ndiyakubuya kunyaka ukusukela namhlanje, ukuba ndiyaphila, kuyakube kukho abaninzi abalapha ngoku abangayi kubako ngoko. Kwaye kuyakufuneka ndidibane nani kwiSihlalo soMgwebo kwaye ndiphendule ngayo yonke into endiyithethileyo namhlanje.

300 Phambi koThixo, ngelixa usekwingqondo yakho elungileyo, ungakwenza oku kungaka kuThixo? Ukuba wena uyazi ukuba . . . Jonga nje esiqwini sakho kwiglasi yokujonga kaThixo, iBhayibhile, akukhathaliseki ungubani, kwaye uthi, "Ndiyayazi ndisilele kakhulu ekubeni yintombi kaThixo, jonga indlela endenza ngayo. Ndisilele kakhulu ekubeni ngunyana kaThixo, jonga indlela endenza ngayo. Kodwa, Thixo, andifuni kuba, ndi—ndifuna ukuzamela laa ndawo." Ndifuna wena uphakamisele isandla sakho kuThixo, nje nabani onguye, naphina apho ukhoyo ekunqumleni isakhiwo, "Ewe, ndifuna ukuba ngunyana kaThixo. Ndifuna ukuba yintombi kaThixo. Ndifuna ukuzalisekisa yonke into ethe iNkosi yam yandiyalela." Ngoku nina . . . UThixo akusikelele. Ndiyaqikelela amashumi alithoba lepesenti lesihlwele.

301 Ngoku jonga apha, sihlobo sam. Bekungathini ukuba ubonokuphila kwimihla xa wavayo uYohane eshumayela?

Bekungathini ukuba ubungaphila kwimhla xa uYesu wayelapha? Leliphi icala obuyakulithatha? Ukuba ubuphile kwelikaYesu . . . Khumbula, ukuba Yena . . . Ukuba ubuphile emva phaya, bekuyakuba njengohlobo ekulilo ngoku. UYesu okwamnye Uyazazisa ngeLizwi Lakhe, yabona, kwaye Lona alibalulekanga.

302 Kodwa mandikuxelele, andizami kuxelela abantu ukuba bashiye icawa okanye . . . Bethu, ndifuna niye ecaweni, "Ningakuhilizeli ukuhlangana." Kodwa endizama ukunixelela kona ukuba nikwenze kukuxunela kubuKumkani bukaThixo. Fumanani ezi zinto, ihlabathi, icawa . . .

303 MaPentekoste, nina bantu niba lihlabathi. Nilandela kakhulu emva kwehlabathi. Kulula nje, niqhubeka nibukela oomabonwakude kunye nazo zonke ezi zinto, kwaye nendlela abenza ngayo, kunye nako konke *oku*, kwaye into yokuqala oyaziyo . . . Izikolo zakwalizwi, izikolo ziyaqalisa ukwenzelelela apha naphaya, kwaye *oku*, *okuya*, kunye n*okunye*, kwaye into yokuqala oyaziyo . . . Ifanele ize ngalaa ndlela. Ibandla lePentekoste, libe ngumxhasi wam omkhulu, andinakutsho nto ichasene nalo. Kodwa oko koko ndikhala ngako, "Bazalwana bam, phumani!" Biza . . . Aninayo imihlangano enaniqhele ukuba nayo. Abantu abakho ngohlobo ababeqhele ukuba lilo. Kodwa uYesu Kristu ukwanguye, masiyeni kuYe.

304 Ngoku, nina niphakamise izandla zenu, khumbulani, kwakukho iLitye elabethwa entlango, kwaye laa Mthombo usavulekile nangobubusuku. ILitye labo labethwa, uKristu, Uleliya Litye labethwayo.

305 Kwaye ngobu busuku, kangangokuba ndisazi, ibandla mhlawumbi li . . . Ixesha lokubiza lingabe seligqithile, andazi, andinakukutsho oko. Khumbulani, abantu baqhubeka ekubeni nemihlangano, nje okunye, emva kokubethelelwa kukaYesu. Kwaye i . . . bonke abantu, ba—bayakuza, ba . . . Qwalasela! Ba—bayakuqhubeka beshumayela, kwaye besithi baya "sindiswa" nayo yonke into, nje ngokungathi . . . "Ihlabathi liyaqhubekeka njengoko kwakunjalo," batsho. Kodwa kuyakuba semva kwexesha kakhulu ngoko.

306 Ngelixa ufumana ithuba, mzalwana wam; ngelixa ufumana ithuba, dade wethu; yiza eBukumkanini bukaThixo. Akudingeki ungene ngaphantsi nakweyiphi into engenye kuphela nje ukholo olulula lokukholwa iLizwi Lakhe. Ulela Lizwi! "Nkosi uYesu, ndiyazi, ndijonge kum ngoku esipilini seLizwi likaThixo; owu, indlela endisilele ngayo. Kodwa, Thixo othandekayo, apha ngobubusuku, ngokukuhlwa kwangoMvulo, apha eSan Bernardino, eCalifornia, kweliholo apha, oku ku—oku kuko konke endinako, Nkosi, kodwa ndiyakukunikezela kuWe. UngaNdithabatha njengoko ndinjalo, Nkosi? Ungandivumela ndibalekele emnqamlezweni kanye

ngokukhawuleza? Ndibona nabathunywa. Ndibona ixesha, ndibona ukubizwa kukhutshelwa ngaphandle eSodom. Ndibona imiqondiso. Ndibona iqela lika Abraham lisamkela ukuKhanya. Ndibona ukubonakalaliswa, uYesu ebonakaliswa kwakhona kanye phakathi kwethu njengoko kwakunjalo. Ndibona zonke izinto othe Wazithembisa. Ndibona abalinganisi; ndibona Wena wakutsho oko, 'Njengoko kwakunjalo emihleni kaMoses,' indlela abaYambres noYanes abayakuza ngayo balinganise, kwaye futhi bashiyeke kanye kulatiphu ikwanye ababekuyo."

307 Yabona, babengenakho ukulandela uMoses ngelaa Lizwi baze bathathe abo bantwana babakhuphele phaya entlango, ngokuba babenxulumene neYiphutha. Babengenakho ukuyenza lonto, nangona benzayo imisebenzi ekwaminye awayenzayo. Kodwa ubuyatha babo babonakaliswa. Kwaye iBhayibhile ithe, lowo ngu ITSHO INKOSI, "Iyakwenzeka kwakhona kwimihla yokugqibela."

308 Kwaye uyayibona ngamehlo akho, ukuba ungowokomoya. Ndinguye . . . AndinakuYichaza. Akudingeki kum ukuba ndiYichaze. "Ezam izimvu ziyaliva iZwi laM." Masiye kuYe ngoku, ngelixa sisenethuba. Niyakuyenza?

309 Ukuba unesidingo sobhaptizo lukaMoya oyiNgcwele, ukuba unesidingo sokuzinikela kwakhona, ubomi obutsha; umalusi wakho akayi kukuthiya, uyakukuthanda ngalonto. Nikela nje ngesiqu sakho ngokupheleleyo kuThixo ngobu busuku, ngelixa silapha. Masi . . . Iyi, ndiyazi ibe inzima, isika, ingaqhelekanga, andikwenzi oko ukuba mbi, ndikwenza oko ukunyaniseka. Ndikwenza oko ngokuba ndiyanithanda, ndiyamthanda uThixo, kwaye ndiyakwenza ukuzama ukuninceda. Kwaye ngenene, sihlobo, ndi—ndi—ndiyakholwa . . . Kwaye ngentliziyo yam yonke, ngokholo lwam lonke, ndiyawukholwa ukuba uMyalezo wam usuka kuThixo. Ku—Kuqondakalisiwe oko kuwe, ngeminyaka.

310 Ngoku phulaphula, ngobubusuku nikela yonke into onayo, yonke into onesidingo sayo. Ndiyakholwa, ngenyanisekileyo, enikezelweyo intliziyo, ukuba nje uyakuma ngenyawo zakho, uze uphakamisele izandla zakho kuThixo, uze uthi, "Thixo othandekayo, ndim lo apha. Ndithabathe, Nkosi. Andisayi kuzama ukusebenzisa ingqondo yam notoliko lwam. ILizwi Lakho lithi kufuneka ndibe 'ngcwele, kufuneka ndizalwe ngokutsha, kufuneka ndizaliswe nguMoya, kwaye emva koko uMoya uyakundikhokelela kuyo yonke iNyaniso.' Thixo othandekayo, ndim lo apha, ndikhokele." Ungakwenza oko kangako? Ukuba uyakwenza oko kangako, phakamisa isandla sakho, uthi, "Ndikulungele ukwenza oko, ndikulungele."

311 Ngoko sonke masime ngeenyawo zethu.

Njengoko ndinjalo, ngaphandle kwesibheno,
Kodwa kuba iGazi Lakho laphalazelwa mna,
Kwaye kuba Wena undibongoza ukuba ndize kuWe,
Owu Mvana kaThixo, (Sango ekuphela kwalo likaThixo) . . . yeza! Ndi . . .

Ngoku yenza wonke umsebenzi wakho, yonke into engenye, ukudiwa kwakho, yonke into . . . Kungathini ukuba ubusifa ngoku?

Njengoko ndinjalo, Wena uyakundamnkela,
Uyakundamkela, undixolele, undicoce, undamkele;
Ngokuba ndi . . .

Ungabeka isandla sakho phezulu, kule vesi ngoku?

Ndiyathembisa, ndiyakukholwa,
Owu Mvana kaThixo, ndiyeza! Ndiyeza!

312 Ngoku ngelixa umbethi hadi eqhubeka—eqhubekeka ukudlala, masithi ngamnye kuthi . . .

313 Basafikisayo abatsha, ingaba nifuna ukufana noluhlobo ngaphandle apha estratweni, eli gquba lemiguvela?

314 Dade, ufuna ukuba neenwele ezimfutshane, ngelixa iliwonga lobuNazarete bakho kuThixo ukuba nenwele ezinde? "Kulihlazo kuye ukucheba iinwele zakhe." Ingaba uyakunxiba lena mincinci midala imibhinqo nezinto abazinxibayo namhlanje, zezi zingekho similweni ilokhwe, zinomzimba wakho ubonakaliswa ngaphaya kwayo, ngaphandle phaya esitratweni? Ubusazi ukuba yonke indoda ejonga kuwe iyakrexeza kunye nawe entliziyweni yayo? Kwaye uziveze ngolwa hlobo. Ubusazi, mfazi, nina niqaba ubuso, kukho kuphela komfazi eBhayibhileni owakhe waqaba ubuso bakhe? Kwaye uThixo wamdlisa ngezinja. UJezebhele, igama ebelithiyiwe kusukela ngomhla wakhe, ngenxa yezenzo zakhe zokuya. Ubusazi yayingu Eliya umprofeti owaqalekisa okuya kwaye wambizela ngaphandle kwela hlobo? Ubusazi yayinguHerodiya awathi uYohane umBhaptizi waba semva kwakhe? Ubu . . . Akufuni kuba yilanto yeHollywood yehlabathi. "Ukuba uyalithanda ihlabathi okanye izinto zehlabathi, uthando lukaThixo alukho kuwe."

315 Mzalwana, sihlobo esingumlungiseleli, akukho nto . . . Ncedani ndiqondeni, ndingumzalwana wenu. Ingaba nifuna ukuzinxulumanisa, kwaye nina malungu ebandla ebandla elithile (Wisile, Bhaptizi, okanye nantoni na eninokuba yiyo), nifuna ukubambelela kwela hlelo ngokuba umama wakho kunye nomakhulu wakho babambelela kokuya? Waphuma kwinto ethile ukuze angene kokuya, oko yayikukuKhanya kwalaa mhla; okokuba, njengakwixesha likaNowa. Olu lolunye usuku.

316 Uthi, "Kulungile, Bendine . . ."

317 Olu asilulo usuku lwePentekoste. Isigaba sePentekoste sigqithile. IPentekoste idlulile, eli lixesha lokuvuna. Yabona? Kwaye ixesha lokuvuna, ukhozo; amanzi agqityiwe ukugalelwa, ukhozo luyavuthwa. Yiza elukhozweni, mzalwana wam othandekayo. Ndive mna, ndikholelwe, ukuba uyandikholelwa ukuba ndisisicaka sikaThixo, masithi sonke, ngendlela yethu, sithobise intloko yethu ngentlonipho kwaye sinikeze umthandazo esi—esiwaziyo ukuba sifanele siwunikeze, "Thixo, ndithathe njengoko ndinjalo."

318 Kwaye mzalwana, dade, ndibeka isiqu sam esibingelelweni ngobu busuku, nam: Thixo, ndiqingqe kwaye undenze ndahluke. Yenza into ethile, Thixo, ndenze ndibe kuhlobo Lwakho.

319 Ucinga kulula ukuma apha uze unqunqe abantu babezizijungqe ngolwa hlobo? Yinto enzima ukuyenza. Kodwa yeha kum ukuba andiyenzi.

320 Thixo othandekayo, njengokuba esi sihlwele sithobise intloko yaso nentliziyo, kula andilisekileyo amathuba apha okuvalwa kwesi sifundo seBhayibhile; xa sibona ukungqinelwa koMoya oyiNgcwele othe wagungqisa esi sizwe emva nangaphambili, nangasemva nangaphambili, iimvuselelo ezinkulu nokubonakaliswa, ukwazi ukuba into ethile kufanele ilandele okuya. Kwaye emva koko ubone ezo Ngelosi zisixhenxe zisihla phaya kumphezulu wala ntaba ngaphaya e-Arizona, xa nkqu olindixesha ukunqumleza izizwe babanaYo. Ukubona uYesu Buqu phaya ezibhakabhakeni, ejonge ezantsi, nokutsho oko, "KwisiTyhilelo 10:7, kuMyalezo wengelosi yesixhenxe, la Matywina ayakuvulwa, Iimfihlelo zikaThixo ziyakwaziswa," abathe abahlaziyi abaphila thuba lide laneleyo uku—ukuzizisa. Kwaye apha, la Matywina Asixhenxe athe atywina into yonke kufanele avulwe kulo mhla. Ukubona yonke le miqondiso mikhulu nemimangaliso ethe yenziwa, yangqinelwa, yaxelwa kwangaphambili ngaphambi kokuba yenzeke, kwaye akukho nalinye ixesha Awakhe wasilela kuthi, kodwa wakwenza kwenzeka njengoko kwakutshiwo.

321 Thixo othandekayo, siyaqonda ukuba uYesu Kristu uphakathi kwethu. Siyayazi ukuba Úlapha. Úlapha ngobubusuku, ongabonakaliyo uThixo ulapha kunye nathi, kwaye unokubonakalisa sonke isithembiso Athe wasenza eLizwini Lakhe. Indlela Othe wema ngayo waza wabonakalisa kubo, enomhlana wakhe ujikiwe, kwimvelo yasekuqalekeni ngaphambi kwabalinganisi bangena kwa ukungena eqongeni, Nkosi, okanye bangene e—e—elugqatsweni, njengoko kwakunjalo. Ubonakalisile kwaye ubonisile, waprofeta waze waxela ngokuchanekileyo indlela eyakwenzeka ngayo, kwaye siyayibona yenzekile ngala ndlela. Kwaye, Bawo Thixo, siyayazi ayinakuba yindoda, kufanele ibe nguThixo. Ke siyayazi nguWe apha ngobubusuku. Sixolele izono zethu.

322 Thixo othandekayo, Uziphilisile izigulo zethu, ngoku xo—xolela izono zethu, Nkosi, zokungabi luhlobo lomKristu esifanele kuba lilo, hayi . . . Ukuzibiza ukuba yindoda okanye umfazi weVangeli egcweleyo, kwaye apha sizifumana sigadleleka njengenkuku yehlelo. Sincede, Thixo othandekayo, sithabathe usigungqise ngoMoya oyiNgcwele Wakho. Kwaye ukuba kukho nayiphi into kuthi engafaniyo naWe, yisuse kuthi, Nkosi. Uze utyale inyawo zethu kwiLizwi likaThixo eliNgcwele, kwaye wenze uMoya oyiNgcwele uvuthe ezantsi entliziyweni yethu uze uthabathe bonke ubumdaka bokungakholwa nokozela kolu suku; owu, vuka uze usidlikidle. Siphe oko, Thixo. Sicoce! Siqingqe! Senze! Thixo, siphe oko.

323 Ukuba kukho nawuphi apha ngobubusuku, Nkosi, obambileyo entliziyweni yakhe ela khozo, laa mfuza kaThixo eyamiselwa uBomi kusukela ekusekweni kwehlabathi; ndiyazi, Nkosi, okokuba babophelelekile ukuba bave kule yure. Ke, ndiyathandaza, Thixo, okokuba Uyakuzalisa umphefumlo wabo uze ubantumeke ngobhaptizo olutsha lukaMoya oyiNgcwele, uze ubathumele kwindlela yabo, bonwabile kwaye bevuya.

324 Nkosi Thixo, bona . . . Ndibanikela kuWe. Andibazi ngobani, Wena uyabazi. Ndinoxanduva nje lokushumayela iLizwi Lakho, Nkosi, njengoko Wena ulityhila Lona. Unoxanduva lwalo lonke: apho iMbewu iwela khona. Ndiyayiphosa nje Mna. Nkosi Thixo, ndiyathandaza ukuba Iwele kolungileyo, otyebileyo umhlaba ngobu busuku. Okokuba abaninzi bayakuLibona, Nkosi, baze bavukele ekubeni ngamaKristu akhazimlayo kule mihla yokugqibela, okokuba into enkulu esingxamele yona ifike, iyakufika ngokukhawuleza. Siphe oko, Nkosi. Kwaye Uyakuthabatha iBandla Lakho, uMtshakazi Wakho, kwaye uMthabathele ekhaya. SiyaYibona isiba kulungelelwano. Yiza, Nkosi Yesu. Siyinikezela yonke kuWe, eGameni likaYesu Kristu, ukwenzela iziphumo. Amen.

NdiyaMthanda, ndiyaMthanda
Ngokuba Wandithanda kuqala
Wathenga intsindiso yam
EKhalvari . . .

325 Ingaba niyaMthanda? Kuhle, ngoko kufanele nithandane. Xhawula isandla somnye xa uyicula kwakhona:

NdiyaMthanda, ndiyaMthanda
Ngokuba Wandithanda kuqala
Wathenga intsindiso yam
E . . .

326 Ngoku masimnike *Yena* indumiso. Bangaphi abayaziyo lengoma:

NdiyakuMdumisa, ndiyakuMdumisa,
Dumisa iMvana eyaxhelelwa aboni;
Mnikeni Yena uzuko nina bantu,
Kuba iGazi Lakhe lahlamba lonke ibala.

327 Masiyicule ngoku:

NdiyakuMdumisa, ndiyakuMdumisa,
Dumisa iMvana eyaxhelelwa aboni;
Mnikeni Yena uzuko nina bantu,
Kuba iGazi Lakhe lahlamba lonke ibala.

328 Aniziva nonke nikhuhliwe? Phakamisani izandla zenu nize nithi, "Owu, oko kundenza ndizive kamnandi." Mzalwana, ndiyazithanda ezo ngoma zamaxesha akudala. Anizithandi? Zehlela ezantsi entliziyweni.

NdiyakuMdumisa, ndiyakuMdumisa,
Dumisa iMvana eyaxhelelwa aboni;
Mnikeni Yena uzuko nina bantu,
Kuba iGazi Lakhe lahlamba lonke ibala.

329 Masiphakamiseni nje izandla zethu ngoku kwaye sidumise uThixo, wonke umntu kuthi, ngendlela yethu.

330 Nkosi uYesu, sibulela Wena. Sidumisa Wena, Nkosi. Sinika Wena udumo ngabantu ababiziweyo bakhutshwa, ngaphandle eBhabhiloni. Sibulela Wena ngeGazi loNyana Wakho, uYesu Kristu. Sibulela Wena ngokuba Usenza sicoceke ngalo mzuzu. Thina sixo-. . . Sicela uxolelo lokungalungisi kwethu, ubuyatha bethu, Nkosi, ukukhubeka kwethu ebumnyameni. Owu Thixo, sanga singavuka kwaye sikhazimle, kwaye sihambe kukuKhanya kwangokuhlwa, kwaye sibe sisiqhamo soMthi esizayo ngeZikhanyiso zangokuhlwa. Siphe oko, Thixo othandekayo. Sizinikela kuWe, eGameni likaYesu Kristu.

331 Ngoku ngeentloko zenu zithotyiwe, ndininika abelusi bexhasa umhlangano.

Iziganeko Zalemihla Zenziwe Zacaca Ngesiprofeto XHO65-1206
(Modern Events Are Made Clear By Prophecy)

Lo Myalezo ka Mzalwana William Marrion Branham, waqala ukushunyayelwa ngesiNgesi ngorhatya ngoMvulo, ngoDisemba we-6, 1965, kwisidlo soBudlelwana Bamadoda AngooSomashishini beFull Gospel International eOrange Show Auditorium eSan Bernardino, California, U.S.A., wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waze wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yi Voice Of God Recordings.

XHOSA

©2020 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

Voice Of God Recordings, South Africa Office
58 Disa Road, Admiral's Park, Gordon's Bay 7140 Western Cape
Republic Of South Africa

Voice Of God Recordings
P.O. Box 950, Jeffersonville, Indiana 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

Voice Of God Recordings
P.O. Box 950, Jeffersonville, Indiana 47131 U.S.A.
www.branham.org